

UXANDUVA LOLUTSHA LOMZANTSI AFRIKA

Ukulingana

Phatha wonke umntu ngokulingana nayo nangendlela elungileyo. Musa ukuca-calula.



Isidima somntu

Hlonipha wonke umntu. Yiba nenceba nenkathalo.



Ubomi

Ubomi buxabisekile. Phatha yonke into ephilayo ngentlonipho.



Usapho

Bahlonele abazali bakho. Yiba nobubele nentembeko kusapho lwakowenu.



Imfundo

Yiya esikolweni, ufunde kwaye usebenze ngokuzimise-la. Thobela imithetho yesikolo.



Umsebenzi

Ncedisa kwimisebenzi yasekhaya. Abantwana mabanganyanzelwa ukuba bafune umsebenzi.



Inkululeko nokhuseleko

Musa ukubavisa ubuhlungu okanye ubavuyelele abanye, kwaye sukubavumela nabanye ukuba benze njalo. Lingxwabangxwaba mazisonjululwe ngoxolo.



Ipropati

Zihlonele izinto zabanye abantu. Musa ukonakalisa ipropati kwaye musa ukuba.



Inkolo, inkolelo kunye noluvo

Zihlonele iinkolelo nezimvo zabanye abantu.



Ukhuseleko

Wukhathalele umhlaba. Musa ukuwamosha amanzi nombane. Zikhathalele izilwanyana nezityalo. Gcina ikhaya lakho kunye nendawo ohlala kuyo icocekile kwaye ikhuselekile.



Ubummi

Yiba ngummi woMzantsi Afrika olungileyo nothembekileyo. Yithobele imithetho kwaye uqinisekise ukuba benjenjalo nabanye abantu.



Inkululeko yokuvakalisa izimvo

Musa ukusasaza ubuxoki nentiyo. Qinisekisa ukuba abanyhukulwa okanye baviswe ubuhlungu abanye abantu.




Ihlaziywe yaze yalungelelaniswa neCAPS

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBÉ – Ibanga lesi-2 Incwadi yesi-2

ISBN 978-1-4315-0061-1

ISBN 978-1-4315-0061-1



ISIXHOSA HOME LANGUAGE
GRADE 2 – BOOK 2
TERMS 3 & 4
ISBN 978-1-4315-0061-1
THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.
15th Edition

Workbooks available in this series:

- Grade R (in all official Languages);
- Literacy/Home Language Grades 1 to 6 (in all 11 official Languages);
- Mathematics Grades 1 to 3 (in all 11 official Languages);
- Mathematics Grades 4 to 9 (in Afrikaans and English);
- Life Skills Grades 1 to 3 (in all 11 official Languages); and
- Grades 1 to 6 English First Additional Language.

Igama:

Iklasi:



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Ibanga lesi-2

ISIXHOSA ULWIMI
LWEENKOBÉ

Incwadi
yesi-2
Ikota 3 & 4



Nkszn. Siviwe Gwarube
uMphathiswa weMfundo
esisiseko



UGqir Reginah Mhaule
uSekela Mphathiswa
weMfundo esisiseko

Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana boMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiseko Nkszn. Siviwe Gwarube kunye noSekela Mphathiswa weMfundo uGqir Reginah Mhaule.

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiseko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhombandlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.

Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharithulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.

Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.

Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.

Inkqubo yokufunda


Phambi kokufunda



- Cinga ngokwaziyo malunga nesihloko.
- Cinga ngombhali kwakunye nomhla wopapasho.
- Funda imihlathi yokuqala neyokugqibela yecandelo.
- Qikelela ukuba liza kuba ngantoni ibali.



Ukufunda



- Xa ufunda, khawukhe ume ukhangele ukuba uyaqonda na.
- Thelekisa uqikelelo lwakho nokufundayo.
- Ukuba akuyifumani intsingiselo yamagama ongawaziyo, wakhangele kwisichazi-magama sakho.
- Ukuba kukho icandelo ongaliqondiyi, phinda ulifunde ungangxami. Khwaza xa ulifunda.



Emva kokufunda



- Zama ukukhumbula ulwazi olufumeneyo.
- Yenza isazobe sokucinga ubhale izimvo eziphambili.
- Bhala isishwankathelo ukuze ukhumbule izimvo eziphambili.
- Sebenzisa ulwazi olufumene kokufundileyo xa ubhala.



Ibanga lesi-2



NGESIXHOSA



Le ncwadi yeka:-



ISIXHOSA

Incwadi
yesi-

2

ISIKHOKELO SIKATITSHALA – ULWIMI LWEENKOBÉ LWEBANGA LESI-2

Le ncwadi yisebenzise kunye nezinye izixhobo eziluncedo, ukuze uphuhlise ukuqonda nezakhono zabafundi kwezi zinto:

- Ukuphatha incwadi: Indlela eyiyo yokuphatha nokutyhila incwadi.
- Inggqibo ngencwadi: Iphepha langaphambili, iphepha langasemva, isihloko neziqulatho.
- Icala obhekisa kulo: Ukufunda uqala ngaphambili uye ngasemva, ukusuka ngasekhohlo uye ngasekunene nokusuka phezulu uye ezantsi.

IINGCEBISO ZOKUFUNDISA

Ukumamela nokuthetha

Funda Inkcazelo yeKharithyulam noMgaqo-nkqubo woVavanyo (IsiXhosa uLwimi Lweenkobe), iphepha le-10. Abafundi kufuneka bafunde rhoqo ngeveki amabali, izicengcelezo ezifutshane, imibongo kunye neengoma.

lingxoxo ngemifanekiso

1. Nceda abafundi ekwenzeni oku:
 - bachaze izinto ezisemifanekisweni baze baxoxe ngazo (ubukhulu, imilo, umbala nobungakanani).
 - ukutolika imifanekiso ngokubuzisa imibuzo: ngubani, yintoni, phi, nini, ngoba kutheni, kwenzeke ntoni ngaphambili, kwenzeke ntoni kamva?
 - ukuyila ibali lekhasi (ubude balo buya kuxhomekeka kumgangatho womfundi)
2. Nika umfundi ithuba lokubalisela umhlobo wakhe ibali.
3. Bonisa indlela yokubhala ibali ekhasini (I-CAPS Ulwimi Lweenkobe, iphepha le-12, ukubhala notitshala neqela).
Bancede baqonde abafundi ngokubaluleka koonobumba abakhulu, izikhewu phakathi kwamagama kunye neziphumlisi.
4. Abafundi mabafunde kunye nawe ibali ekhasini.
5. Xelela abafundi ukuba bakrwele umgca okanye babiyele ebalini izandi okanye imo yolwimi efundisiweyo evekini.

Ukufunda

Funda Inkcazelo yeKharithyulam noMgaqo-nkqubo woVavanyo (IsiXhosa uLwimi Lweenkobe), iphepha le-12-18, malunga nemiba emihlanu ephambili yokufundisa ukufunda.

Ukubhala

Funda Inkcazelo yeKharithyulam noMgaqo-nkqubo woVavanyo (IsiXhosa Ulwimi Lweenkobe) iphepha le-18 -19, malunga nokubhala ngesandla nenkqubo yokubhala.

Nika ingqalelo koku yonke imihla:

- Ukubamba iikhrayoni neepenisi kakuhle
- icala obhekisa kulo: ukubhala usuka ngasekhohlo uye ngasekunene nokusuka phezulu uye ngezantsi
- ukusetyenziswa kwemicwe yokubhala ukuze ubonise ukwakhiwa koonobumba namagama

Qaphela oku:

- Abafundi abafani, bafunda ngeendlela ngeendlela. Kubalulekile ukuba abafundi bakhuthazwe ngokubona, ngokuva nangokusebenzisa amalungu omzimba (ngokwenza) ukuze bafunde kakuhle ngempumelelo.
- Abafundi bafunda ngokuphinda-phinda.
- Abafundi kufuneka babe namava okufunda, ngoko ke kufuneka benze imisebenzi ebaqhelisayo phambi kokwenza imisebenzi ebhalwayo, umz.:

Isigama: Abafundi mabanikwe ithuba lokufunda ukwakha amagama ngokusebenzisa amakhadi amagama.

Uvavanyo lokuqonda: Kufuneka abafundi baphendule ngomlomo kuqala emaqeleni abo phambi kokuba bazibhale phantsi iimpendulo. Inkokheli yeqela ibuzisa imibuzo aze amalungu eqela afune iimpendulo aphenndule.

Ukukhetha amagama okugqibezela izivakalisi: Nika amaqela izivakalisi ezingaphelelanga namakhadi amagama. Abafundi mabagqibezela izivakalisi ngokubeka amakhadi amagama endaweni echanekileyo.

Ukutshatisa amagama nemifanekiso (iphepha le-17): Yandisa iphepha libe nobukhulu obungange-A3. Ngokwamaqela abo abafundi mabaphawule iimpendulo ezichanekileyo.

Ukutshatisa iinxalenye ezimbini zesivakalisi (iphepha lama-84): Abafundi batshatisa iinxalenye zesivakalisi emaqeleni abo.

Ukubhala inqaku lephephandaba (iphepha le-128): Abafundi mababhale inqaku lekhasi eliza kulandelelwa liqela phambi kokuba umfundi azibhalelele elakhe.

Izichazi-magama: Sebenzisa izichazi-magama yonke imihla. Izakhono zabafundi ziya kubonisa iqondo lobunzima bemisebenzi. Kungakho imfuneko yokuba kunikwe izalathiso zamaphepha/zamakhasi.

Qaphela: Xa kusenziwa imisebenzi ngokwamaqela, nika inkokheli yeqela iimpendulo ukuze ikwazi ukucebisa amalungu eqela layo.



Umxholo 5: Senze ntoni ngethuba leeholide

Ikota 3: Iiveki 1 - 4

65 Emva kweeholide 2

Ufunda ibali.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Izandi: th, tsh, sh.
Ubhala izivakalisi.
Ubhala umhlathi malunga neeholide.

66 Ikhalelenda 4

Ufakela iziganeko kwikhalenda.
Uphendula imibuzo esekelwe kwikhalenda.
Uchaza izimelabizo ezichanekileyo kwizivakalisi.
Umsebenzi wolonwabo obonisa ukuba benzeni abahlobo bakhe ngeholide.

67 UBongi waya kwitheko lokuzalwa 6

Ufunda ibali.
Uphendula imibuzo eneempendulo ezikhethisayo esekelwe kwisicatshulwa.
Izandi: kh, nz, dl.
Bhala isivakalisi.

68 Iimini ezikhethekileyo, imiyalezo eyodwa 8

Ulandelelanisa imifanekiso ngokwebali.
Ubhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye.
Ubhala umyalezo owodwa encwadini yomhlobo.
Uhlela amagama ngokweebhokisi zezandi ezichanekileyo (tsh, th, hl, ch).

69 UJabu utyelela umyezo wezilwanyana 10

Ufunda ibali elingoJabu utyelela umyezo wezilwanyana.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Izandi: ndl, ngc, mf, hl.
Ubhala umhlathi malunga nokwenzeke kumyezo wezilwanyana.

70 Siyazithanda izilwanyana 12

Izandi: Uhlela amagama awafake ezibhokisini (izandi u-dl no-ndl).
Ufakela iziphumlisi ezichanekileyo kwizivakalisi.

Uchaza izichasi.
Masonwabe: Ufaka umbala emfanekisweni ngokusebenzisa ikhowudi yemibala.

71 USam kwisikhululo seenqwelomoya 14

Ufunda ibali elingoSam kwisikhululo seenqwelomoya.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Izandi: kh, wa, y, fl.
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Ubhala umhlathi malunga nohambo olulodwa.

72 USam ubona iinqwelomoya 16

Izandi: Isandi u-kh.
Utshatisa amagama alatha ixesha langoku namagama exesha eladlulayo.
Usebenzisa ukulandelelana kwealfabhethi ukuze agqibezele ukuzoba umfanekiso.

73 UNomsa waya kusebenza nomama wakhe 18

Ufunda ibali elingoNomsa nomama wakhe.
Uphendula imibuzo eneempendulo ezikhethisayo esekelwe kwisicatshulwa.
Izandi: wa, ya
Ukhuphela isivakalisi.

74 Ngubani ixesha 20

Uzoba amasiba ewotshi abonise amaxesha awanikiweyo.
Ubhala into ayenze ngamaxesha athile ahlukeneyo.
Unika isininzi samagama akwisinye.
Uyila ipowusta yentengiso.

75 ULebo elayibrari 22

Ufunda ibali elingoLebo esiya elayibrari.
Uchaza amagama achanekileyo ukuze agqibezele izivakalisi ezisekelwe kwisicatshulwa.
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Ubhala iincwadi ezithandwa ngabahlobo bakhe.

76 Iincwadi zaselayibrari 24

Uzoba umfanekiso wencwadi ayithandileyo.
Ubhala abalise ngencwadi.
Utshatisa amagama akwixesha langoku nakwixesha eladlulayo.
Uchonga ixesha langoku neladlulayo elichanekileyo kwizivakalisi.
Uyaqikelela esebenzisa amaqweqwe eencwadi azinikiweyo.

77 UThabo uya kumdlalo webhola ekhatywayo 26

Ingxoxo noqikelelo olumalunga nebali.
Ufunda ibali elingoThabo.
Ubhala isihloko/inkcazelo yomfanekiso ngamnye.
Ufakela amagama kwiibhokisi ezichanekileyo zezandi dl, eyi.
Ubhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye.

78 Umdlalo webhola ekhatywayo 28

Uhlela amagama awafake kwiibhokisi ezichanekileyo zezandi (izandi u-tr no-qw)
Uchonga amagama achanekileyo akwixesha eladlulayo.
Udlala umdlalo wamagama.

79 Intshontsho ledada elibi 30

Uxoxa ngomfanekiso okwibali elihlekisayo.
Ufunda ibali elingentshontsho ledada elibi.

80 Intshontsho ledada elibi (lisakhutywa) 32

80b Intshontsho ledada elibi (lisakhutywa) 34





Masifunde

Namhlanje sibuyele esikolweni emva kweeholide.

Sikuvuyele ukuba nabahlobo bethu kwakhona.

Utitshala wethu uye wasiyalela ukuba simbalisele ngeeholide zethu.

Simbonise iifoto zethu zeholide.

Sizigqithisele nakwabanye zajikeleza.



UJabu yena waya kumyezo wezilwanyana.



ULebo waya elayibrari.



UThabo waya eSoccer City.



USam waya kwisikhululo seenqwelomoya.



UBongi waya kwitheko lokuzalwa.



Umhla:

UNomsa waya
kusebenza
nomama
wakhe.



UJim waya
kwagqirha.



Masibhale

Bhala igama lomntwana ngamnye. Emva koko bhala ukuba waya phi okanye wenza ntoni ngexesha leeholide.

Igama	Bongi			
Indawo	Itheko lokuzalwa			

Igama			
Indawo			



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umelele izandi.
Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

ithala	itshintshi	shumayela	thuma
itheko	itshetu	shukuma	thina
uthuthu	utshaba	shiya	thenga



Masibhale

Bhala malunga nokwenze ngexesha leeholide zesikolo.

Amagama
ajongiswayo
layibrari
jikelezileyo
Agasti



Titshala: Sayina

Umhla



Masenze

Jonga ezi ziganeko zikhethekileyo. Zibhale kwikhalenda.

Usuku lokuzalwa lukaJabu lungomhla wama-25 kweyeKhala.

Usuku lokuzalwa lukaAnn lungomhla wesi-3 kweyeKhala.

Kufuneka uLebo abuyise iincwadi zakhe azifumene elayibrari ngomhla wesi-5 kweyeKhala.


UThabo uza kuya kumdlalo webhola ekhatywayo ngomhla we-13 kweyeKhala.

USam kufuneka aye kwagqirha ngomhla we-18 kweyeKhala.

UBongi uza kuya kumyezo wezilwanyana ngomhla wama-28 kweyeKhala.


UAnn uza kutyelela umakhulu wakhe ngomhla wama-28 kweyeKhala.

UBongi uza kutyelela uAnn ngomhla | we-13 kweyeKhala.



EyeKhala

Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine
1	2	3 usuku lokuzalwa luka-Ann	4
8	9	10	11
15	16	17	18
22	23	24	25
29	30	31	



Masibhale

Phendula le mibuzo imalunga nekhalela.

Yeyeyiphi inyanga le khalela?	
Zingaphi iintsuku kule nyanga?	
Loluphi usuku olungomhla wama-25?	
Zingaphi iiCawa ezikhoyo kule nyanga?	
Zeziphi iinyanga eziza phambi nasemva kwale nyanga?	




Masibhale

Funda isivakalisi ngasinye, uze ubiyele ngesangqa igama onokulisebenzisa endaweni yegama elikrwelwe umgca ngaphantsi.

Amagama u-wena, yena kunye no-bona zizimelabizo. Izimelabizo sizisebenzisa endaweni yamanye amagama.

UBongi uyathanda ukudlala noNomsa.	Wena	Yena	Bona
UJabu uyakuthanda ukuya kumyezo wezilwanyana.	Wena	Yena	Bona
ULEbo uyakuthanda ukufunda iincwadi.	Wena	Yena	Bona
USam wabona inqwelomoya.	Wena	Yena	Bona
ULEbo kunye noBongi bangamantombazana.	Wena	Yena	Bona

Lwesihlanu	Mgqibelo	Cawa
5	6	7
12	13	14
19	20	21
26	27	28



Landela umtya ukuze ubone ukuba benze ntoni ngexesha leeholide zesikolo.



Masifunde

Ngeeholide zeyeKhala uBongi waya kwitheko losuku lokuzalwa likaNana.

Kwakukho **amakhwenkwe** namantombazana amaninzi kwelo theko.

UNana wafumana **izinto zokudlala** ezininzi kuba yayilusuku lwakhe lokuzalwa. Sonwaba kakhulu si**vuya**.



UNana wavuthela amakhandlela asi-8. Emva koko satya iilekese kunye nekeyiki.

Phambi kokuba sigoduke **sabilisa** amanzi ukuze senze iti.

Sadlala ibhola ekhatywayo sonke egadini. UBen waluma ibhola yaze yagqabhuka! UBen yinja engevayo.



Bonke abantwana babhala imiyalezo eyodwa kwincwadi kaNana yosuku lokuzalwa. UBongi wabhala oku.

Ndiyavuyisana nawe ngokugqiba iminyaka esi-8 Nana. Ndiyabulela ngokundimema kwakho kwitheko lakho.



Masibhale

Phinda ufunde ibali uze uphawule (✓) iimpendulo ezichanekileyo.

Ngubani owayenetheko lokuzalwa?

A	Nana
B	Bongi
C	Jabu



Lalinini elo theko?

A	NgekaCanzibe
B	NgeyeSilimela
C	NgeyeKhala

UNana wavuthela amakhandlela amangaphi?

A	Amakhandlela ama - 5
B	Amakhandlela ama - 6
C	Amakhandlela asi - 8

Ngowuphi umdlalo abawudlalayo?

A	Ibhola yomnyazi
B	Ibhola ekhatywayo
C	Ibhola yombhoxo



Umsebenzi wamagama

Funda la magama ze umamele izandi.

Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

uyakhaba	ikhandlela
uyakhokela	ukhuko
uyakhula	ikhetshi

zininzi	ukudlala
masenze	ukudloba
uCanzibe	ukudlula

Amagama
ajongisiswayo
wayedlala
ngaphambili
kuba



Masibhale

Khuphela esi sivakalisi.



Amakhwenkwe afumana
ulonwabo kwizinto zokudlala.



Masenze

Nombola le mifanekiso ngokulandelelana kwayo.



Masibhale

Bhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye.


1

2

3

4

Umhla:



Masonwabe


UBongi wabhalela uNana umyalezo owodwa ngosuku lwakhe lokuzalwa. Jikelezisa incwadi yakho ukuze abahlobo bakho bakubhalele umyalezo encwadini yakho. Nawe ungabhala umyalezo owodwa ezincwadini zabo.

Ungoyena mhlobo wam usenyongweni.



Ivela kuBongi

Imiyalezo eyodwa evela kubahlobo bam.



Masibhale

Hlela la magama uze uwabhale kwizithuba ezichanekileyo.

itshizi

chitha

thula

hluma

chula

thetha

itshefu

hlala

chuba

hleba

thuma

itshoba



Titshala: Sayina

Umhla



Masifunde

UJabu uchazela ikhosi malunga notyelelo lwakhe kumyezo wezilwanyana. Ubalisa oku.



Ndaya kumyezo wezilwanyana nosapho lwam.



Sahamba ngetekisi kuba kwakubanda. Sabona izilwanyana ezininzi. Sabona amaqwarha, iingonyama kunye nenkunzi yenyamakazi.

Ndavuya ndakubona indlulamthi **ende** kunye nendlovu enkulu kunye nemvubu.

Sabona nezilwanyana zasefama. Ndadlala namantshontsho eenkuku.

Ngeli xa ndandibuka izilwanyana kweza inkawu encinci yahlutha **ibhola** yam. Yayithatha yaya kuhlala nayo eludongeni. Kamva ndatya isidlo sepikiniki nabahlobo bam. Sahlala phantsi komthi **engceni eluhlaza**.



Masibhale

Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Amagama
ajongisiswayo

biza
iyabanda
uyenza
akenzi

Waya nabani uJabu kumyezo wezilwanyana?

Wahamba kunye

Baya njani kumyezo wezilwanyana?

Bahamba nge

Babona ntoni?

Babona

Yintoni eyahluthwa yinkawu kuJabu?

Inkawu yahlutha




Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umelele izandi.

Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

indlovu	ingca	imfutshane	iluhlaza
indlulamthi	ingcuka	imfene	abahlobo
indlela	ingcibi	imfusi	ukuhlutha



Masibhale

Bhala ubalise okwenzeke kumyezo wezilwanyana.





Masibhale

Jonga izandi ezikula magama. Jonga upelo. Bhala amagama abhalwe ngendlela efanayo kwiibhokisi ezichanekileyo.

indlala

indlela

indlebe

indlala

isondlo

dlala

indlovu

isigodlo

idlelo

umdlanga

idlolo

dlula

amagama ano -ndl

amagama ano -dl



Masibhale

Bhala ezi zivakalisi ngendlela efanelekileyo ngokufakela oonobumba abakhulu neziphumlisi.

ebeyephi ujabu

ebeye kumyezo wezilwanyana ngeCawa

ubone ntoni

ubone iingonyama iindlovu neenkawu







Masibhale

Bonisa izichasi. Krwela umgca osuka kumagama akwikholamu eluhlaza uye kumagama anentsingiselo echasayo kwikholamu ezuba. Kumzekelo sidibanise u-de kunye no-futshane. U-de usisichasi sika-futshane.

de
phezulu
khulu
wonwabile
umphambili
shushu
ibhityile




ncinci
futshane
phantsi
umva
banda
ityebile
udakumbile



Masonwabe

Faka umbala ozuba bumnyama kwizikhewu ezinechaphaza ukuze ubone ukuba sesiphi na esi silwanyana. Isibhakabhaka sifake umbala ozuba uze imithi uyifake oluhlaza.





Masifunde

USam wahamba notata wakhe baya kubona iinqwelomoya.
Baya kwisikhululo seenqwelomoya.

Babona iinqwelomoya ezininzi. Kwadlula inqwelomoya eyijumbo jethi.
Yayithwele abantu abangama-350.

Iinqwelomoya **zahlala** emhlabeni zathi ukuhla kwazo zanokungqubeka.

USam **wabukela** iinqwelomoya ezinkulu zimana zinyuka ziphinde zihle.

Inqwelomoya nganye yayineflegi **epeyintwe** emsileni wayo.

Xa **zibuya** zihlala kw**ibala** lazo lokuhlala.

USam ufuna ukuba ngumqhubi wenqwelomoya xa emdala.

Ufuna ukuqhuba uhlobo lwejumbo jethi.





Masifunde

Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Amagama
ajongisiswayo

igqwesile

bobabini

thenga

USam waya nabani kwisikhululo seenqwelomoya?

Wahamba kunye

Babona ntoni?

Babona

Bangaphi abantu abanokukhwela banele kwijumbo jethi?

Malunga

USam ufuna ukuba yintoni akuba mdala?

Ufuna ukuba



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi.

Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

yakho	wahamba	uyacula	iflegi
yakhe	wabukela	uyatsiba	ifleyiti
sakhe	wapeyinta	uyathetha	iflethi



Bhala ngohambo olubalulekileyo oye waluthatha.

Masibhale



Masenze

Bhala amagama anesandi **u-kh** uze utshatise nomfanekiso ngamnye.

isikhephe

khala

ikheji

khupha

ikhabhathi

ikhaphetshu

khonkotha


ikhandlela



Masibhale

Yenza ezi zibalo zamagama ukutshintsha la magama abe kwixesha eladlulayo.

u + a + hlamba =	wahlamba	i + a + khonkotha =	
u + a + pheka =		u + a + khaba =	
i + a + hamba =		u + a + khotla =	
i + a + hleka =		i + a + dlala =	
u + a + khala =		i + a + cula =	
u + a + jonga =		i + a + thula =	



Masibhale

Krwela umgca utshatise igama elenzayo kunye nexesha lalo eladlulayo.

hlamba



wahlamba

tsiba



Sisebenzisa ixesha eladlulayo xa isenzo sigqibile ukwenzeka.

sebenza



waphumla



phumla

dlala



wadlala




watsiba

wasebenza



Masonwabe

Landela oonobumba udibanise amachokoza ukuze ubone ukuba uSam wabona ntoni.



y.

c.

x.

d.

w.

e.

v.

f.

u.

t.

s.

i.

h.

g.

r.

j.

q.

k.

p.

o.

m.

l.

n.



Masifunde

Ngexesha leholide kwakungekho mntu wokujonga uNomsa. Ngenxa yoko wahamba waya kusebenza nomama wakhe. Bahamba ngentsimbi yesi-8. Umama kaNomsa uthengisa iziqhamo nemifuno. UNomsa **wancedisa** umama wakhe.


UNomsa wenza ipowusta enkulu.

Bathi abantu bakuyibona ipowusta baza kuthenga.

UNomsa **wapakisha** iziqhamo ngokwemiqolo.

Zakhangeleka kakuhle.

Wathi **akugqiba** umsebenzi wakhe, **waphumla** waze wafunda eyona ncwadi ayithandayo emalunga nemvubu. Ngentsimbi yesi-5 bagoduka. UNomsa wavuya kakhulu akukhwela etekisini.



Masibhale

Funda ibali uze uphawule impendulo echanekileyo. (✓)

Wenza msebenzi mni umama kaNomsa?	
A	Uthengisa iziqhamo.
B	Uthengisa imifuno.
C	Uthengisa iziqhamo nemifuno.

Kwakutheni ukuze uNomsa aye kusebenza nomama wakhe?	
A	Kwakungekho mntu wokumjonga.
B	Wayefuna ukuncedisa umama wakhe.
C	Wayengenanto yakwenza.

Wamnceda njani uNomsa umama wakhe?

A	Wahlamba iziqhamo nemifuno.
B	Wabala imali.
C	Wapakisha iziqhamo kunye nemifuno waze wenza nepowusta.

Wenza ntoni uNomsa akugqiba ukunceda umama wakhe?

A	Wafunda.
B	Walala.
C	Wadlala.

Bagoduka xesha liphi?

A	Ngentsimbi yesi-3.
B	Ngentsimbi yesi-5
C	Ngentsimbi yesi-7.

Bagoduka njani uNomsa nomama wakhe?

A	Ngemoto.
B	Ngebhasi.
C	Ngetekisi.



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi.

Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

waphumla	wanceda	yakhamba	yachola
wasebenza	wapakisha	yaphosa	yahamba
wagqiba	wacoca	yajonga	yabukela

Amagama ajongiswayo

kufutshane
amafetshu
ifiva
wafumana



Masibhale

Khuphela esi sivakalisi.




Wapakisha awona mahle
ama-apile.




Masenze


Zoba amasiba ewotshi ubonise la maxesha alandelayo.




Intsimbi yesi-8



Intsimbi yesi-3



Intsimbi yesi-5






Intsimbi ye-10




Masibhale

Bhala okwenzileyo ngala maxesha izolo.





Xa sithetha ngento engaphezu kwesinye sitshintsha isimaphambili segama ngokwehlelo lelo gama. Xa kukho intombazana engaphezu kwenye sithi ngamantombazana amabini, inkwenkwe kunye nenye sithi ngamakhwenkwe amabini okanye amathathu. Igama elino-ama- kuthiwa sisininzi. Igama elingenaso isimaphambili esingu -ama sithi sisinye. Xa igama linesimaphambili esingu isi-, isininzi salo ngu izi-, ulu- iba ngu izi-, um- iba ngu aba- okanye imi-.



Masibhale

Nika izininzi zala magama.

ikati 	iikati 		ibrashi	iibrashi
inja			ibhasi	
ihagu			ingcuka	
umnqwazi			ipere	
ilizwe			umntu	
ikeyiki			isitya	



Masonwabe

Yenza ipowusta yokuthengisa. Zoba umfanekiso obonisa loo nto uyithengisayo.



IYATHENGISWA



Uthengisa ntoni?

Ixabisa malini?

Singayithenga phi?



Zoba umfanekiso wento oza kuyithengisa.



Masifunde

ULebo wahamba noAnn baya elayibrari.

UAnn watyhala uLebo kwisitulo sakhe esinamavili.

Bona bajonga iincwadi ezininzi.

ULebo wazithanda iincwadi ezingezilwanyana.

UAnn wazithanda iincwadi zamabali.

Utitshala waselayibrari wabafundela.

Babekwazi ukuthatha iincwadi bagoduke nazo bazigcine kangangeeveki ezimbini. Bakugqiba ukuzifunda bangafumana ezinye iincwadi ezintsha. Zininzi iincwadi ezimangalisayo elayibrari.





Masibhale

Sebenzisa la magama ugqibezele izivakalisi.

uAnn

zamabali

mbini

utitshala

Amagama
ajongiswayowafunda
iincwadi
ingcwaba
tyhila

UAnn wathanda iincwadi _____.

_____ waqhuba uLebo kwisitulo sakhe esinamavili.

Ungayithatha incwadi elayibrari uyigcine kangangeeveki ezi
_____.

_____ ubafundela ibali.



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi.

Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

umnqwazi

tyhila

ingca

ukufeketha

ityhefu

inqwelo

ukufaka

ingceke

tyhala	ingcuka	inqwanqwa	ukufunda



Masibhale

Buza abahlobo bakho
aba-5 amagama eencwadi
abazithandayo. Bhala
igama lomhlobo wakho
kunye negama lencwadi
ayithandayo ecaleni kwalo.
Wakugqiba bhala igama
lakho nawe neyona ncwadi
uyithandayo. Phawula
iincwadi ongathanda
ukuzifunda.

Igama	Incwadi ayithandayo	✓



Masenze

Zoba umfanekiso wencwadi oyithandileyo uze ubhale ngayo.

Lalisithini igama lencwadi?

Zoba umfanekiso waqweqwe lwangaphandle lwencwadi.

Bhala izivakalisi ezi-2 uxele ukuba le ncwadi yayingantoni na?



Masibhale

Tshatisa ixesha langoku nexesha eladlulayo lala magama.

wabona

uyatya

watya

uyalala

uyahamba

wabaleka

uyabaleka

wahamba

uyabona

walala



Igama elithi **bona** likuxelela ngexesha langoku.
Igama elithi **wabona** likuxelela ngexesha eladlulayo.



Masibhale

Funda izivakalisi uze wenze isangqa kwigama elichanekileyo.

Ngobusuku bangoLwesine
thina sibona/**sabona** inyanga.

Thina **sitya**/**satya** isidlo sasemini
kwiveki ephelileyo.

Ngoku thina **sitya**/**satya** isidlo
sakusasa.

Ngoku thina **sibona**/**sabona** ilanga.



Ngobusuku bangoMvulo thina
sihamba/**sahamba** saya kulala.

Ngoku thina **siya**/**saya** esikolweni.



Masonwabe

Chazela umhlobo wakho ukuba ucinga ukuba incwadi nganye ingantoni. Emva koko chaza ukuba yeyiphi incwadi ongathanda ukuyifunda. Nombolo 1 ukuya kwi-4. Unombolo 1 umele eyona ncwadi uyithanda kakhulu, ze isi-4 simele eyona ungayithandi kakhulu.




Masibhale

Khetha enye kwezi ncwadi uze ubhale izivakalisi ezihlanu uchaze ukuba ucinga ukuba imalunga nantoni na.

Jonga imifanekiso uze uchaze ukuba lingantoni na ibali.

1



2



3



4





Masifunde

Amagama
ajongisiswayo

ninzi

itreji

okanye

tsala

UThabo uyawuthanda umdlalo webhola ekhatywayo. Wahamba kunye noJabu noDan ukuya kubukela lo mdlalo mkhulu. Kwakudlala iChiefs (Amakhosi) kunye neSundowns.

Kwakukho amawaka-waka abantu kuloo mdlalo. Babevuthela iivuvuzela zabo. Ngesiquphe yaqalisa ukuna **imvula**. Baya ekhaya ngoliliwe.



Masibhale

Bhala inkcazelo ngezantsi komfanekiso ngamnye okweline iphepha elikweline icala.



Umsebenzi wamagama

Bhala la magama kwizikhewu ezichanekileyo. Funda la magama ze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

uloliwe

uqweqwe


iqwakaza

itreji

isitreyina

tr

qw



Masibhale

Bhala isivakalisi sibe sinye ngomfanekiso ngamnye kwimifanekiso ekwiphepha elikweline icala.

1

2

3

4



Masibhale

La magama avakala ngokufanayo kodwa aneentsingiselo ezahlukileyo.
Jonga igama ngalinye uze ulibhale kwibhokisi efanelekileyo.

cula

khula

yima

sula

yiba

zula

thula

yitha

vula

yiza

yila

yikha



Masibhale

Yenza isangqa kwigama elichanekileyo malunga nokwenzeka kumdlalo webhola ekhatywayo izolo.

Izolo thina **sihamba/sihambe** ngololiwe ukuya emdlalweni.

Sibukela/Besibukele iSundowns idlala.

Abadlali **bayayikhaba/bayikhabe** ngamandla ibhola.


Sathi xa sibuyela ekhaya imvula **iyaqala/yaqala** ukuna.





Masonwabe

Dlala lo mdlalo kunye nomhlobo wakho. Khetha iqela elimthubi okanye zuba. Masibone ukuba leliphi eliza kufaka inqaku kuqala. Nikanani ithuba lokufunda igama elinombala. Ukuba wenza impazamo uyaliphosa elo tyeli. Owokuqala ukugqiba ukufunda amagama ufaka inqaku. Phinda udlale kwakhona kodwa kweli tyeli kufuneka utshintshe udlalele elinye iqela.





Masithethe

Jonga umfanekiso uze uthethe ngokubonayo.




Masifunde



Kudala-dala umama Dada wayehlala nosapho lwakhe efama. Umama Dada wayehleli phezu kwamaqanda asi-7. Wayelindele ukuba aqandusele.

Ngoku lixesha lokuba amaqanda am aqandusele. Ndifuna ukubona amantshontsho am asi-7.

Nganye nganye aqhekeka onke amaqanda. Onke ngaphandle kwelinye. Yayiliqanda elikhulu kakhulu.





Umama Dada wahlala wahlala phezu kweqanda elikhulu. Ekugqibeleni laqhekeka. Latsiba laphuma intshontsho lokugqibela. Likhangeleka lilikhulu kwaye lomelele. Kodwa ilintshontsho elibi kakhulu.

Ndiphi na mna? Ndingubani igama lam?



Aliqhelekanga ke bethu eli ntshontsho!

Jonga elaa dada lokugqibela.

Umama Dada uwathatha onke amantshontsho akhe awase edamini.

Ha ha ha!
Aliselibi.

Onke amadada atsibela emanzini. Adada emana edlala. Intshontsho ledada elibi lidada ngcono kunawo onke amanye amantshontsho.



Intshontsho ledada elibi (lisaghutya)

Ikota 3 – liveki 3-4



Emva koko aya efama.
Ezinye izilwanyana
zaziligezela eli dada libi.
Iinkukhu zalixhola izinja
zalikhonkotha.

Ngabusuku buthile
intshontsho ledada
lagqiba ukuba limke.



Ndigezelwa
ngumntu wonke.
Ndiza kuhamba
ndimke apha.



Ngenye imini intshontsho
ledada elibi labaleka
lemka. Laya emlanjeni.
Labona iintaka ezintle
zidada emlanjeni. Iintsiba
zazo zigudile zintle.
Zineentamo ezinde.
Amaphiko azo emahle.

Akwaba bendinokudlala
nabo. Abasebahle ngako.
Mna ndimbi ndinje.



Ngenye imini kwafika ubusika.
Kukho ikhephu kwindawo
yonke. Umlambo wajika waba
ngumkhenkce. Intshontsho
ledada laligodola kwaye
lingonwabanga.

Ndindedwa jwi.
Ndiyagodola.

Kwafika intwasahlobo. Ilanga
liphumile kwaye imithi idlamkile
iluhlaza.

Ngenye imini intshontsho
ledada elibi labona oontamonde
bamadada abahle kwakhona.



Intshontsho ledada elibi
lalidakumbe kakhulu.
Laqala lalila.

Andisembi ngako kwaye
ndindedwa. Andinabahlobo.

Intshontsho ledada elibi (lisaghutya)

Ikota 3 – liveki 3–4



Ingaba
ndim lo?

Kwangelo thuba kwadlula amanye amadada angoontamonde edada. Alibiza intshontsho ledada elibi ukuba lizokudada kunye nawo. Intshontsho ledada elibi latsibela emanzini kwangoko. Laziva lonwabe kakhulu.

Ngeli xa lililayo lajonga ezantsi ngaphaya kweenyembezi zalo. Labona isithunzi salo. Lalilidada elintamonde elihle.

Yiza uzokudada kunye nathi. Ulidada elinguntamonde njengathi. Ulelona dada linguntamonde lakhe lalihle kuwo onke amadada angoontamonde.





I

Z

i

q

u

l

a

t

h

o

Umxoholo 6: Ekhaya

Ikota 3: liveki 5 - 10

81 Ubherana ucheba iinwele 36

Ufunda ibali elingobherana kaPam.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.

Uhlela amagama awafake kwiibhokisi ezichanekileyo zezandi (izandi ezizezi: nw, b, ng, l)

Ubhala izivakalisi malunga nezinto zokudlala azithandayo.

Ukhuphela oonobumba A, a.

82 Into yokudlala endiyithandayo 38

Wenza uphando aze abhale iziphumo kwitheiyibhile.

Ufakela iinombolo ngokulandelelana kwemifanekiso.

Ubhala izivakalisi ngomfanekiso ngamnye.

Uchaza isimelabizo esichanekileyo endaweni yamagama akrwelwe umgca ngaphantsi.

Masonwabe.

83 UBongi wenza isidlo sasemini 40

Uxoxa ngomfanekiso.

Ufunda iresiphi.

Uphendula imibuzo eneempendulo ezikhethisayo esekelwe kwiresiphi.

Ufunda amagama aze amamele izandi zawo (nts)

Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.

Ubhala izivakalisi malunga nento athanda ukuyitya.

Ukhuphela oonobumba B, b

84 Ukutya endikuthandayo 42

Uzoba umfanekiso wento athanda ukuyitya.

Uchazela umhlobo amanyathelo okuyenza ngokulandelelana kwawo.

Utshatisa izivakalisi (intloko - nenjongosenzi).

Ufakela amagama ashayiweyo asebenzise imifanekiso njengezikhokelo.

Ufuna igama kwiphazile yamagama aze alibiyele ngesangqa.

85 Ukhuseleko ekhaya 44

Ufunda incwadana engokhuseleko ekhaya.

Uphendula imibuzo ethile esekelwe kwisicatshulwa.

Izandi: ndl, l

Ubhala izivakalisi ezingezinto azena ekhaya ukuze ahlale ekhuselekile.

Ukhuphela oonobumba C, c.

86 Imithetho yasekhaya 46

Uzoba umfanekiso abonise into afanele ukuyenza ekhaya ukuze akhuseleke.

Ubhala izivakalisi malunga nomfanekiso wakhe.

Usebenzisa iziphumlisi ezichanekileyo.

Utshatisa izifanokuthi.

Ugqibezela izivakalisi ngokufakela amagama.

87 Ifowuni yeselula elahlekileyo 48

Ufunda ibali elingeselula elahlekileyo.

Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.

Uhlela amagama ngokwezandi (ngx, kr, hl, j).

Ubhala ibali maluna nemini awalahlekelwa ngayo yinto.

Ukhuphela oonobumba D, d.

88 Phezulu, phantsi, phakathi kunye nokungqongileyo 50

Usebenzisa izalathandawo ukuze afumane izinto ezifihliweyo.

Unika izalathandawo ngokwemifanekiso.

Ugqibezela amagama ngokufakela izandi uhl okanye u-kr.

Ufunda imiyalelo aze agqibezele umfanekiso.

Uhlela amagama ngokwezandi (dl, ts, ph, sh).

89 Ikati ifuna ukukhathalelwa 52

Ufunda isibhengezo.

Uphendula imibuzo eneempendulo ezikhethisayo ezisekelwe kwisicatshulwa.

Uhlela amagama ngokwezandi (gw, lw, dw, mb)

Ubhala ngesilo-qabane sakhe.

Ukhuphela oonobumba E, e.

90 Ikhaya lekati elahlekileyo 54

Ufakela izikhamiso agqibezele amagama ukuze ahambelane nemifanekiso.

Uchonga imibuzo, izikhuzo neengxelo.

Ubhala izivakalisi asebenzise iziphumlisi ezichanekileyo.

Wenza isibhengezo sesilo-qabane esilahlekileyo.

91 Isimemo setheko 56

Ufunda isimemo.

Uphendula imibuzo esekelwe kwisimemo.

Izandi: ntl, tsh, ngx

Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.

Ubhala izivakalisi ezimalunga netheko lokuzalwa.

Ukhuphela oonobumba F, f.

92 Yiza kwitheko lam 58

Ugqibezela isimemo setheko lakhe.

Ubhala izivakalisi kwixesha eladlulayo.

Uchonga izibizo nezenzi kwizivakalisi.

Ugqibezela itheyibhile ngokusebenzisa iinkcukacha ezisemfanekisweni.

93 Amantshontsho enkukhu amahlanu 60

Ufunda umbongo othi

Amantshontsho enkukhu amahlanu.

Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.

Izandi: gc, ny, qh.

Ukhuphela oonobumba G, g.

94 Amantshontsho amahlanu 62

Ucengeceleza umbongo aze awulinganise.

Uchonga amagama achanekileyo akwixesha eladlulayo.

Wakha amagama ambaxa.

Uhlela amagama ngokwezandi.

95 Imvubu kunye nofudo 64

Incwadi yamabali esikwayo.

96 Imvubu kunye nofudo (lisahutywa) 65

Ufunda ibali.

Uxoxa ngebali kunye nomhlobo wakhe.



Masifunde

UPam unobherana amthanda kakhulu.
Uthanda ukulala naye ubherana wakhe.
Umnakwabo omncinci uLizo naye
uyakuthanda ukudlala nobherana.

Jonga indlela
endimenze wamhle
ngayo ubherana.



Namhlanje uthe uPam ukubuya kwakhe
esikolweni wafika ubherana wakhe esikwe
entloko nasesiswini. Umnakwabo omncinci
usike iinwele zikabherana.

Kutheni
umosha
ubherana
wam nje?
Ayilunganga
loo nto!



UPam waba nomsindo kakhulu.
Wamqumbela umnakwabo
omncinci.

Umama uye wanxibisa
ubherana umnqwazi obomvu
kanye nebhatyzi ezuba.



Jonga Pam.
Ubherana
uphinde
wamhle
kwakhona.

Umhla:



Masibhale

Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Amagama
ajongisiswayo

cheba
xela
lunga

Yeyiphi into yokudlala ebeyithanda kakhulu uPam?

Yayingu

Ngubani owacheba iinwele zikabherana?

Waziva njani uPam akumbona ubherana?

Waziva

Umama kaPam wamnxibisa ntoni ubherana?

Wamnxibisa



Umsebenzi wamagama

Zalisa izikhewu ngamagama achanekileyo. Funda la magama uze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho gemisebenzi.

sila

nxiba

inwebu

singa

qhuba

linga

sela

unwabu

cheba	iinwele	xela	lunga



Bhala izivakalisi ezibini ngento yokudlala oyithandayo.

Masibhale



Khuphela oonobumba.


Masibhale



Titshala: Sayina


Umhla

Into yokudlala endiyithandayo



Masenze

Buza abahlobo bakho ukuba zeziphi izinto zokudlala abazithandayo abanazo. Bhala amagama abo kumqolo ongentla uze ubhale into yokudlala kongezantsi.

Igama	Pam 			
Into yokudlala	Bherana			



Masibhale

Faka iinombolo kule mifanekiso ngokulandelelana kwayo.



Bhala isivakalisi sibe sinye ngomfanekiso ngamnye.

1	
2	
3	
4	



Masibhale

Funda isivakalisi ngasinye. Biyela ngesangqa igama (isimelabizo) onokulisebenzisa endaweni yamagama akrwelwe umgca ngaphantsi.

UPam uyathanda ukudlala nobherana wakhe.	wena	yena	bona
Intshontsho lalila kakhulu.	zona	lona	bona
Umnakwabo Pam omncinci wasika iinwele.	bona	yena	bona
Ibhatyi yamenza wamhle ubherana kwakhona.	yona	yena	bona
UPam nomama bangamantombazana.	bona	yena	bona



Masonwabe

Landela umtya ukuze ubone ukuba zeziphi izinto zokudlala abanazo.





Masithethe

Jonga umfanekiso uze uthethe ngokubonayo.



Masifunde

UBongi uza kwenzela abahlobo bakhe isidlo sasemini ukuphuma kwesikolo namhlanje.



Isonka esihlohlweyo esimangalisayo



Okufuneka ube nako

1 icephe lekhondenisi

1 ibhanana

ibhotolo yamandongomani

2 izilayi zesonka

Omawukwenze

Qaba ibhotolo yamandongomani kwisilayi sesonka esinye.

Sika ibhanana uyibeke phezu kwebhotolo yamandongomani.

Qaba ikhondenisi kwesinye isonka.

Dibanisa izilayi ezibini wenze isonka esihlohlweyo.

Sika isonka sibe ngamaqhekeza amane.

Sitye usonwabele.





Masibhale

Beka uphawu (✓) ecaleni kwempendulo echanekileyo.

Zingaphi izilayi zezonka ezifunekayo?

A	Singe
B	Zibini
C	Zithathu

Yintoni enye efunekayo?

A	Ibhotolo yamandongomani
B	Itshizi
C	Ikhondenisi

Mangaphi amaqhekeza esonka esihlohlileyo akhoyo xa usisikile?

A	Mabini
B	Mathathu
C	Mane

Sesiphi isiqhamo esifunekayo?

A	Iapile
B	Ipayina
C	Ibhanana



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi.
Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

Amagama ajongisiswayo

xhuma
ncinci
wathetha
dlala

intsika	intsimi	intsontela	iintsuku
intsikizi	intsente	iintsebe	intsalela
intsumpa	intso	intsomi	iintsana

Bhala izivakalisi zibe zibini malunga nento othanda ukuyitya.

Masibhale



Khuphela oonobumba.

Masibhale



b

B





Masenze

Zoba umfanekiso wento okwaziyo ukuyenza ukuze uyitye.
Chazela umhlobo wakho indlela yokuyenza.
Yithi:

Kuqala ndi ...

Ndilandele ngoku ...

Emva koko ndi ...



Masibhale

Yenza izivakalisi zibe zine. Krwela umgca utshatise inxenye ekwibhokisi ebhulowu nekwibhokisi eluhlaza.

UPam wayecaphukile

Ndatya isonka esihlohlweyo

Ndathatha iambrela sam

Ndavuthela amakhandlela am



kuba yayilusuku lwam lokuzalwa.

kuba umnakwabo wasika ubherana.

kuba ndandilambile.

kuba kwakusina.



Masibhale

Fakela igama elingekhoyo kwezi zivakalisi.

iilekese

iti

ubisi

isonka

ama-apile

intlanzi

Ndithanda ukusela



Yena uthanda



Thina sithanda



Yena uthanda ukutya



Bona bathanda ukutya




Yena uthanda ukuphunga



Masonwabe

Khangela ukutya okusebhokisini uze ubiyele elo gama. Krwela umgca osuka kwigama elo uye kumfanekiso ochanekileyo. Amanye amagama axwesile amanye ayehla.



i	n	y	a	m	a	i	e	a	i
e	g	q	m	s	t	n	v	m	i
r	a	m	a	f	u	t	h	a	l
t	d	j	q	q	w	l	r	a	e
y	s	w	a	e	t	a	n	p	k
i	s	o	n	k	a	n	y	i	e
s	h	l	d	w	x	z	m	l	s
i	t	i	a	r	z	i	i	e	e





Masifunde

Funda eli phetshana uze uphendule imibuzo.

KHUSELEKA EKHAYA



Tyhala iimbiza zibe semva esitovini.



Musa ukudlala ngentambo yeketile.



Musa ukudlala ngamayeza.



Musa ukudlala ngeetoti okanye izinto ezibukhali.



Musa ukudlala ngemingxuma yombane.



Musani ukudlala ngesitovu separafini.



Masibhale

Bhala into ibe nye esiyixelelwa ngumama bhere ukuze sikhuseleke ekhaya.



Bhala into ibe nye esiyixelelwa ngukhangaru ukuze sikhuseleke ekhaya.






Bhala into ibe nye esiixelelwa ngumvundlana ukuze sikhuseleke ekhaya.

Blank writing area for the rabbit's story.

Bhala into ibe nye esiixelelwa ngundlovu ukuze sikhuseleke ekhaya.

Blank writing area for the elephant's story.



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi.

Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

indlovu	umvundla
indlala	indlela
indlebe	indlu

ilunda	ileli
ilizwe	ilori
ilanga	ilali

Amagama ajongiswayo

phantsi
ngokujikelezileyo
elandelayo



Masibhale

Bhala izivakalisi ezi-5 ngezinto ozenzayo ekhaya ukuze uhlale ukhuselekile.



Blank writing area for the snail's story.



Khuphela oonobumba.

Masibhale



Handwriting practice area for the letter 'n' (n) and 'b' (b).

Handwriting practice area for the letter 'l' (l) and 'i' (i).



Masenze

Zoba umfanekiso ubonise into ekufuneka uyenze ukuze ukhuseleke ekhaya. Wakugqiba bhala isivakalisi ngomfanekiso wakho.



Masibhale

Bhala ezi zivakalisi usebenzise iziphumlisi ezifanelekileyo. Sebenzisa unobumba omkhulu ekuqaleni kwesivakalisi kunye nesingxi okanye uphawu lombuzo ekupheleni kwaso. Khumbula ukusebenzisa unobumba omkhulu xa ubhala amagama abantu, iinyanga, iindawo okanye iintsuku.

ngomgqibelo uthabo noann baya kudlala ekhayeni likathabo

ingaba uyayithanda na iayisikhrimu

ubongi nonomsa baya ethekweni ngeyekhala

igama lam ndingu thabo



Masibhale

Krwela umgca osuka kwigama elikwikholamu eluhlaza ukuya kwigama elithetha into enye elikwikholamu ezuba.



ichanekile
zimbawala
ziliqela
umkile
ncokola
lahleka
ucikiziwe



zincinci
ilungile
wahamba
mhle
zininzi
ayikho
thetha



Masonwabe

Gqibezela ezi zivakalisi zimalunga nawe kunye nento oyithandayo. Zonke iimpendulo ngamagama, ngoko ke kufuneka aqale ngonobumba omkhulu.

Igama lam ndingu

Usuku lweveki endiluthandayo ngu/yi

Umhlobo wam osenyongweni ngu

Usuku lwam lokuzalwa lu

Eyona ncwadi ndiyithandayo

Eyona nkqubo kamabonakude endiyithandayo

Ndazalelwa e

Igama likatitshala wam ngu



Masifunde

Utata kaBongi ulahlekelwe
yifowuni yakhe yeselula.

Wakhwaza wathi, "Uyayazi
ukuba iphi na
ifowuni yam?"

Sakhangela **phantsi** kwebhedi.

Phezu kweshelufa.

Emva kwedesika.

Phakathi epokothweni katata.

Ngaphandle kwendlu.

Ngaphakathi endlwini.

Ecaleni kwetafile.

Ngaphezu komabonakude.

Kwasuka kwathi krrr krrr, krrr krrr

Sayifumana phakathi efrijini!



Krrrr!
Krrrrr!



Masifunde

Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Ingaba utata walahla ntoni?

Walahla i

Bhala iindawo ezimbini abayikhangela kuzo ifowuni.

Bakhangela e

Bayifumana phi ifowuni?

Bayifumana e

Wakhe walahlekelwa yinto? Yayiyintoni?



Umsebenzi wamagama

Fakela amagama kwizikhewu ezishiyiweyo. Funda la magama uze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

ingxaki

hluza

kroba

ingxowa

krazula

jama

umjelo

hleka

lahla	ikrakra	ngxama	jonga

Amagama
ajongiswayo

ilungile
lala
xela




Masibhale

Bhala ibali malunga nomhla owalahlekelwa yinto ngawo. Yintoni leyo? Wayifumana phi?



Khuphela oonobumba.

Masibhale





Masenze

Fihla into eklasini.
Kufuneka umhlobo wakho ayikhangele.
Yena kufuneka athi,
"Ndikhangela emva ...
okanye ngaphantsi...
okanye ecaleni kwe ...
okanye phezulu kwe".
Sebenzisa amagama abhalwe bomvu kwibali elikukhasi 48 ukukunceda.



Masibhale

Biza igama kumfanekiso ngamnye. Ke ngoku gqibezela igama ngalinye ngokusebenzisa u-**hl** okanye u-**kr**.

hl

kr



isihluzo



isi ____ angu



ilu ____ aza



____ wempa



____ azula



____ oba



uya ____ eka



um ____ akulo



i ____ ele

Umhla:



Masonwabe

Funda le miyalelo ze ugqibezele lo mfanekiso.



Zoba ilanga kunye nenqwelomoya phezulu esibhakabhakeni.

Zoba inkumba ephambi kweentyatyambo.

Zoba intaka isemthini.

Zoba ufudo lusecaleni kweentyatyambo.

Zoba iintyatyambo ziphantsi komthi.

Zoba ibhabhathane liphezu kofudo.



Masibhale

Hlela la magama uwafake kwiibhokisi zezipho.

dlala	tsala
iphaphu	isheleni
isidlele	utsotsi

shukuma	iphela
tsiba	idlavu
ishushu	iphepha



dl



ts



ph



sh

Titshala: Sayina

Umhla



Masifunde

Uyazithanda na iikati?

Sinentshontsho lekati elifukufuku
buboya, elitsiba - tsibayo, elihle
elifuna ikhaya.

Lona linomsila omde kunye nemigca.

Liyaluthanda ubisi kunye nentlanzi.

Igama lalo nguKiti.

Ukuba ufuna ukunceda uze
ulithande kwaye ulikhathalele,
fowunela uGugu eSPCA kule
nombolo 012 012 0120.



Masibhale

Funda isibhengezo uze uphawule (✓) impendulo echanekileyo.

Sesiphi isilo - qabane esifuna
ikhaya?

A	Inja
B	Ikati
C	Ihashe

Kufuneka ufowunele bani ukuba ufuna
ikati?

A	UGugu
B	Ivenkile yezilo - qabane
C	Umfama

Umhla:

Ngubani igama lekati?

A	Tabby
B	Kiti
C	Ben

Ithanda ukutya ntoni?

A	Ubisi
B	Itshizi
C	Intlanzi

Ithanda ukusela ntoni?

A	Ubisi
B	Ijusi
C	Iti

Iziphatha njani ikati?

A	Soloko isozela.
B	Iyakuthanda ukutsiba.
C	Iyakuthanda ukulwa.



Umsebenzi wamagama

Fakela amagama kwizikhewu ezichanekileyo. Funda la magama ze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

igwala	ilulwane	bodwa	imbabala

unogwaja

igwele

imbawula

kodwa

yedwa

umlwelwe

elwandle

imbewu



Masibhale

Bhala ngesilo-qabane sakho.


Amagama
ajongisiswayo

phambi

egqwesileyo

zombini

thenga



Khuphela oonobumba.

Masibhale




Titshala: Sayina

Umhla

53

Ikhaya lekati elahlekileyo



Masenze

Bhala isikhamiso, a, e, i, o, u kwigama ngalinye kula ukuze igama litshate nomfanekiso.

a e i o u



ikeyiki



ihar ____ ka

kh ____ yithi

ikh ____ ji

tyh ____ bhu

bhayis ____ kile

is ____ tikhey ____ si

isith ____ th ____ thu




Masibhale

Xela ukuba ngumbuzo, isikhuzo okanye yingxelo na.
Fakela uphawu ? ! okanye isingxi .



Ngubani igama lakho?

Umbuzo



Yeka loo nto

Ngumhla wama-25 weyeKhala

Khawulezisa

Uhlala phi

Unini umhla wokuzalwa kwakho

Ingaba uyazithanda iikati

Umhla:



Masibhale

Bhala ezi zivakalisi kwakhona uze ufakele isiphumlisi esichanekileyo noonobumba abakhulu.



uyazithanda na iikati

igama lekati yam ngukiti

ujabu nosam bathanda ukudlala ibhola ekhatywayo

usuku lwam lokuzalwa lungeyomsintsi



Masonwabe

Yenza isibhengezo sesilo-qabane esilahlekileyo. Fakela igama kwizikhewu ezishiyiweyo ukugqibezela isibhengezo. Zoba umfanekiso ukubonisa indlela esikhangeleka ngayo isilo-qabane.

NCEDA SIKHANGELE



I

Bhala ukuba luhlobo luni lwesilo-qabane.

ELAHLEKILEYO



Ingaba ukhe wayibona i

_____yam?
Bhala ukuba luhlobo luni lwesilo-qabane.

Igama lesilo-qabane sam ngu

_____Bhala igama lesilo-qabane.

Ukuba usifumene isilo-qabane
sam nceda ufowunele u

_____ (Bhala igama lakho)
kule nombolo _____ (Bhala inombolo yefowuni yakho.)

Isilo-qabane sam sikhangeleka
ngolu hlobo
(Zoba umfanekiso wesilo-qabane)



Titshala: Sayina

Umhla

55



Masifunde

Yiza kwitheko lam!
Ndiza kugqiba
iminyaka esi-8.

Itheko lam lokubhiyozela umhla wokuzalwa liza kuba
ngomhla we-10 kweyoMsintsi 2015.

Liqala ngentsimbi yesi-3 ze liphele ngeyesi-6.

Idilesi yam yile:
27 Tambo Street
Singville
Cape Town



Nceda undixelele ukuba uyeza na.
Inombolo yefowuni yam ithi 021 021 0210.

Ivela kuThabo



Masibhale

Funda isimemo, uze uphendule imibuzo.

Ngubani onetheko?

Uza kuba neminyaka emingaphi?

Liza kuqala ngabani ixesha itheko?

Liza kuphela ngabani ixesha itheko?

Lingowuphi umhla eli theko?

Ithini inombolo yendlu yakuloThabo kunye negama lesitalato?

Umhla:



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi.
Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

intlanzi	itshizi	ingxowa
intlama	umtshayelo	ingxelo
intlenge	itshepisi	ingxam



Amagama ajongiswayo

phandle
nceda
mhle
usana

Bhala izivakalisi zibe zithathu ngomhla wokuzalwa kwakho.

Masibhale



Blank writing lines for practice.



Masibhale

Khuphela esi sivakalisi.

Yiza kwitheko lam.

Blank writing lines for practice.



Khuphela oonobumba.

Masibhale



f 4

7 3

Titshala: Sayina

Umhla



Masenze

Gqibezela esi simemo setheko lakho.



Yiza kwitheko lam!

Ndigqiba iminyaka e ____.

Itheko lam lingomhla we ____.

Liqala ngentsimbi ye ____ ze liphele ngentsimbi ye ____.

Idilesi yam yile:

Inombolo yendlu ____



Isitalato

Indawo ____

Nceda uxele ukuba uyeza.

Inombolo yefowuni ithi ____

Sivela ku ____



Masibhale

Bhala kwakhona ezi zivakalisi. Qala ngolu hlobo "Izolo".

Namhlanje lusuku lwam lokuzalwa.


Izolo

Namhlanje kuyana.

Izolo

Namhlanje kukho ilanga.

Izolo



Umhla:



Masibhale

Kwisivakalisi ngasinye kwela umgca phantsi kwegama lomntu, ze ubiyele ngesangqa igama lesenzo elisixelela ukuba lo mntu wenza ntoni na.



UJabu uyabaleka uya esikolweni.

UThemba ukhaba ibhola.

UAnn ufunda incwadi.

ULebo uncokola efowunini.



UPam ubambe ubherana.

UBongi uthenga ikati.

USam udlala ibhola ekhatywayo.

UMandu utya iitshiphusi.



Masonwabe

Badala kangakanani?
Bhala amagama abo kunye nobudala babo kwithejibhile.



Peter	Thabo	Candy	Lulu	John
3	7	9	6	5

Igama	Iminyaka

Igama	Iminyaka

Titshala: Sayina

Umhla



Masifunde



Isikhukukazi namantshontsho aso

Latsho intshontsho lokuqala
elijubalazayo.

Latsho intshontsho elilandelayo,
elinyikinya amagxa.



Latsho intshontsho lesithathu,
elitswinayo.

Latsho intshontsho lesine, lilusizana.



Latsho intshontsho lesihlanu,
likhalaza kancinci.

Akwaba
bendinokufumana
ilityana nje elincinci.

5



"Mamelani apha," satsho isikhukukazi
sikwigadi eluhlaza.

Ukuba nifuna isidlo sasemini,
yizani nizokuqhwaya apha.

6



Amagama
ajongisiswayo

ukwenza
khawuleza
kuqala
hlanu



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi. Bhala izivakalisi
ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

gcuma	umnyiki	iqhaga
gcina	inyama	iqhinga
ugcado	inyosi	iqhosha

Khuphela esi sivakalisi.

Masibhale






Amantshontsho
ayaqhwaya.



Khuphela oonobumba.

Masibhale





Masenze

Funda **eli bali**
ungamantshontsho amahlanu
uze uziqhelise ukuwufunda
kunye nabahlobo bakho
abahlanu. Umntu ngamnye uza
kuba lelinye lamantshontsho.
Omnye wenu kufuneka abe
sisikhukukazi.



Masibhale

Biyela igama elichanekileyo ngesangqa.

Izolo **bendiye/ndiya** kudlala kuloBongi.

Ngomso **bendiye/ndiza** kuya esikolweni.

Kule veki iphelileyo **ndibona/ndabona** amantshontsho asemancinci.

Ngoku **ndidlala/ndadlala** nekati yam.



Masibhale

Qqibezela ezi zibalo zamagama.

inqwelo + ntaka =



iphepha + indaba =




ukubona + kude =



iinwele + ilanga =



dlula + umthi =



intaba + umlilo =





Masonwabe

Fakela la magama kwiibhokisi zezandi ezikwivili elikhulu.
Licime ngokulikrwela igama wakugqiba ukulibhala kwiibhokisi echanekileyo.

kroba

umgca

dlala

iphepha

iphupha

itshizi

unyaka

ilaphu

gcuma

dlula

qhwaya

ityhefu

qhvesha

krwela

gcina

isepha

tshintsha


imatshisi


dlisa

umnyiki

nyikinya


ityhubhu





Masifunde

Yenza incwadi esikwayo ukuze ufunde ibali lemvubu nofudo. Songa kwimigca engqindilili uze usike kwimigca echokoziweyo.



Masithethe

Funda eli bali lingemvubu nofudo. Libali eliyinyani. Thetha nabahlobo malunga nobuhlobo obumangalisayo obuphakathi kwezi zilwanyana.



Masibhale

Funda ibali lemvubu nofudo kwakhona uze ubhale izivakalisi ezi-5 ezibalisa eli bali.



8



Eli thole lemvubu
linethamsanga.
Masilitshiye igama.

Sika kwimigca echokozweyo emva kokuba uyiqhoboshile inwadi yakho



b



Yiza ngapha Thami. Siza
kusa epakini yezilwanyana.

Bamtshatha uThami bamsa epakini.
Wahlala apho kwigadi eyayinedama.

Songa kumgca ongqindilili



Kamva akuba mdala uThami wadibana
nentwazana ekwayimvubu egama
lalinguHlehle. Namhlanje uhlala
ngolonwabo noHlehle.

Oqhoboshela apha



Songa kumgca ongqindilili

16



Imvubu kunye
nofudo

1



01



Ungubani
igama lakho?



7



Liithiye ngegama
lam. Libize
ngoThami.

Balitsala ithole lemvubu laphuma
elwandle.

Ithole lemvubu lalhlala ngokonwaba
nonina walo.



2


UThami wadlala nofudo oludala.
Wayethanda ukubeleka kumqolo
kaMzi.



15



9



Wonke ubani wazama ukulanceda
ithole lemvubu ukuba libuyele
emhlabeni. Basebenzisa iminatha
kunye neemoto ukulitsalela
ngaphandle kolwandle.

3



11



Epakini ladibana nofudo olukhulu.

Imvubu nofudo zaba ngabahlobo
abakhulu. Babesitya kunye, badade
kunye bade badlale kunye.

14



Ndiyakuthanda
mama.



12



Unganceda ube
ngumama wam?
Ndiyakucela torho.

Itsole lemvubu lalimkhumbula kakhulu
unina walo.



5



Ndincedeni! Ndincedeni! Ndincinci
kakhulu andikwazi kudada.

Amanzi alikhukulisela ngezantsi
komlambo lazibona seliselwandle.

Ngenye imini kwakukho isichotho
esikhulu. Imvula yalisusa ithole
lemvubu kunina walo.


Ndincedeni! Ndincedeni!
Uphi umama wam?



4

Ufudo lwaqaphela ukuba uThami
uselusana. Kwakuza kufuneka lujonge
uThami lo lumbonise ukuba atye ntoni
kwaye alale phi.

Mamel' apha
ke sana.



13



Umxholo 7: Izolo, namhlanje nangomso

Ikota 4: liveki 1 - 4

97 **Iindaba ezivela kumhlobo** 70

Ufunda ileta.
Uphendula imibuzo eneempendulo eziliqela ezikhethisayo esekelwe kwileta.
Ubala imihla neentsuku eziseleteni aze azibhale kwikhalenda.

98 **Izicwangciso zethu** 72

Izandi: nya, mhla, xhe, cwa
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Ubhala izivakalisi azilandelelanise ngokwasebalini.
Ubhala iindaba zakhe.
Ucengceleza umbongo.

99 **Ikonisathi yesikolo sethu** 74

Ufunda inkqubo yekonisathi yesikolo.
Uphendula imibuzo esekelwe kwinkqubo yekonisathi.
Izandi: qha, kha, mbi, ntsu.
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Ubhala izivakalisi ngezinto aza kunzenza ngexesha leholide.
Ukhuphela oonobumba H, h, I, i, J, j.

100 **Kwenzeke ntoni emva kwekonisathi** 76

Basebenza ngokwamaqela baze bakhethe into kwinkqubo yekonisathi bayenzele iklasi.
Uqikelela isiphelo sebali.
Ugqibezela iqamza lentetho lokugqibela ebalini.
Utshatisa izivakalisi neziphelo zazo ezichanekileyo.
Iphazile yamagama.

101 **Ixesha** 78

Ufunda ibali elingamaxesha emisebenzi kaBusi.
Uchaza ixesha elichanekileyo ebalini.
Uzalisa itheyibhile yemisebenzi yemihla ngemihla kaBusi.
Izandi: qh, nqw, ngq, nkq.
Ukhuphela oonobumba K, k, L, l, M, m.

102 **Usuku lwam oluxakekileyo** 80

Ubhala kwitheyibhile imisebenzi yemihla ngemihla ngokwamaxehe ayo.

Usebenzisa amagama akwixesha eladlulayo kwizivakalisi.
Utshatisa izichasi.
Uyazoba ukuze agqibezele imifanekiso.

103 **UDan ebeneveki embi** 82

Ufunda ibali elingoDan.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Uhlela amagama ngokwezandi (nkx, xh, nx, ngx).
Ubhala izivakalisi asebenzise amanye ala magama.
Ukhuphela oonobumba N, n, O, o, P, p.

104 **Kwenzeke ntoni kuDan** 84

Ulinganisa okwenzeke kuDan.
Uzoba imifanekiso abonise imisebenzi yemihla ngemihla evekini.
Ubhala izivakalisi ezingemifanekiso.
Ugqibezela amagama aze awatshatise nemifanekiso.

105 **Ukuhamba-hamba** 86

Ufunda ibali elingeeholide ezizayo.
Uzalisa izicwangciso zeholide kwikhalenda.
Uphendula imibuzo esekelwe kwitheyibhile yeholide.
Uhlela amagama ngokwezandi (ch, nc, ngc, nkc).
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Ukhuphela oonobumba Q, q, R, r, S, s.

106 **Ukuhamba-hamba (kusaqhutywa)** 88

Uchaza amaphondo asemephini.
Usebenzisa iziphumlisi ezichanekileyo.
Ufakela iziphumlisi kwizivakalisi aze achaze iindidi zezivakalisi.
Ubhala izihloko ezichanekileyo zeencwadi.
Wenza uqikelelo malunga nomxholo weencwadi.

107 **Usapho lwasekhaya nesilo-qabane sam** 90

Ufunda ibali elingosapho nezilo-qabane.
Ugqibezela itheyibhile engosapho lwakowabo abhale phantsi kwezihloko azinikiweyo.

Izandi: ty, nq, th, hl
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Ukhuphela oonobumba
T, t, U, u, V, v, W, w, X, x, Y, y.

108 **Yintoni entsha?** 92

Umsebenzi wolonwabo wokudibanisa amachokoza.
Ubhala izivakalisi kwakhona asebenzise iziphumlisi ezichanekileyo.
Uchaza izenzi nezibizo.
Wenza isiqinisekiso sokuwonga ilungu losapho.

109 **Ukubhala ibali** 94

Uxoxa ngesakhiwo sebali kunye nomhlobo wakhe.
Uzalisa isicwangciso sebali asebenzise izihloko azinikiweyo.
Ulandela imiyalelo yencwadi yebali esikwayo.

110 **Amaqashiso** 97

Utshatisa amaqashiso nemifanekiso echanekileyo.
Uphendula amaqashiso.

111 **UMajeke nomthi weembotyi** 98

Ufunda ibali likaMajeke nomthi weembotyi.

112 **UMajeke nomthi weembotyi (lisaqhutywa)** 100

112b **UMajeke nomthi weembotyi (lisaqhutywa)** 102





Masifunde



24 Cresta Street
Seaview
Cape Town
3880
20 EyeThupha 2015

Bongi endimthandayo

Bekumnandi ukukubona ebholeni yomnyazi izolo.

Sixakekile kakhulu ngoku esikolweni. KuLwesihlanu ozayo siza kuba nekonisathi yethu yesikolo. Amantombazana aza kuba nomxhentso wesintu. Amakhwenkwe aza kufunda umbongo ngoMzi nofudo. UJabu uza kuba ngumhlelisi ekonisathini.

Kumnandi esikolweni. Ngexesha lokudlala ndidlala noZintle noLizzy. Izolo besidlala undize. UZintle wazimela endlwini yemithi. Simfune kulo lonke ibala lokudlala kodwa khangela simfumane. Ndakhwaza ndathi "Zintle phuma ngoku!" Kwaba kungona simfumanayo.

Siza kubonana kwixesha elizayo xa sidlala ibhola yomnyazi.

Umhlobo wakho

Suzy





Masibhale

Funda ileta kwakhona, uze ufake uphawu kwimpendulo efanelekileyo. (✓)

Ngubani obhale ileta?

A	NguBongi
B	NguSuzy
C	NguZintle

Ngoobani abahlobo bakaSuzy?

A	NguZintle noRobbie
B	NguZintle noLizzy
C	NguLizzy noSandy

Ikonisathi iza kuba kweyiphi inyanga?

A	KweyeThupha
B	KweyoMsintsi
C	KweyeDwarha

ULizzy uza kwenza ntoni ekonisathini yesikolo?

A	Uza kuxhentsa
B	Uza kuba ngumhleki
C	Uza kufunda umbongo



Masibhale

Funda ileta ngobunono. Zama ukufumana imihla neentsuku eziseleteni. Ziphawule kwikhalenda. Emva koko phendula imibuzo.

EyeThupha

Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu	Mgqibelo	Cawe
				1	2	3
4	5	6	7	8	9	10
11	12	13	14	15	16	17
18	19	20	21	22	23	24
25	26	27	28	29	30	31

USuzy uyibhale ngowuphi umhla ileta?

Uyibhale ngoluphi usuku ileta?

Udlale undize ngowuphi umhla?

Udlale undize ngoluphi usuku?



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi.

Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

umnyazi	umhla	ukuxhentsa	izicwangciso
inyama	namhlanje	ukuxhela	cwaka
isilwanyana	umhlaba	ukuxhesha	cwaba

Amagama ajongiswayo

wajonga
wafuna
ibhola
wakhwaza



Masibhale

Faka iinombolo kwezi zivakalisi zilandelelane ukusuka ku-1 ukuya kwisi-3.

	USuzy uza kuxhentsa ekonisathini yesikolo ngeye Thupha.
	USuzy ubhalele uBongi ileta.
	USuzy noLizzy bahlangana ebholeni yomnyazi.



Masibhale

Bhala ezakho iindaba.

Izolo

Namhlanje

Ngomso ndiza

Kwinyanga ezayo ndiza





Masonwabe

Kwiqela lakho,
ziqhelanise nokufunda
umbongo ngoMzi,
ufudo nethole
lemvubu.



Ingonyana yovuyo ngemvubu
Ithole lemvubu elincinci
Litshize amanzi ngeempumlo zalo.
Lihamba phakathi emlanjeni
Udaka luphumela ezinzwaneni.
Nanko noMzi esiza
Ecothoza egwegweleza egopheni.
UMzi nethole leMvubu baba
ngabahlobo benene.





Masifunde



Inkqubo yeKonisathi yeSikolo
samaBanga aPhantsi saseliBhongo

Umhla: 26 EyeThupha 2015

Ixesha: ngentsimbi yesi - 6:00 ukutshona
kwelanga ukuya kwi - 7:30
ngokuhlwa.

Amanqaku

- 1 Ivulwa yiNqununu yethu uNksk. A Nkuna
- 2 Umbongo ngoMzi nemvubu
- 3 Umxhentso wesiNtu
- 4 Amabhaso ibanga loku - 1, elesi - 2 nelesi - 3
- 5 Umculo webanga lesi - 3
- 6 UJabu umhleki

Kungenwa simahla

Iikeyiki neelekeke ziya kuthengiswa phambi
kokuba iqale ikonisathi.



Masifunde

Funda inkqubo yekonisathi yesikolo, uze uphendule imibuzo.

Ikonisathi ingowuphi umhla?	
Iqala ngabani ixesha ize iphele xesha liphi?	Iqala _____ Iphela _____
Ngubani inqununu yesikolo?	
Ngubani oza kuba ngumhleki?	
Yeyiphi iklasi eza kucula?	
Zeziphi iiklasi eziza kufumana amabhaso?	
Kuza kuthengiswa ntoni ekonisathini?	
Kungenwa ngamalini ekonisathini?	

Umhla:



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi.
Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

Amagama
ajongisiswayo

wayefuna
into
walila
wayenako

iqhakuva	khaba	intsimbi	intsumpa
iqhalo	khala	mhlawumbi	iintsuku
qha	khama	imbiza	intsundu



Bhala izivakalisi ezi-6 uchaze ukuba uza kwenza ntoni ngexesha leeholide.

Masibhale



Khuphela oonobumba.

Masibhale



h

H

i

I

j

J



Titshala: Sayina

Umhla

75



Masenze

Kwiqela lakho, khetha inqaku libe linye kwinkqubo yekonisathi uze uziqhelanise nalo. Yenza umboniso womdlalo ngelo ngaku eklasini. Iklasi mayikuxelele ukuba inqaku olibonisa emdlalweni wakho leliphi kwinkqubo yekonisathi. Mhlawumbi ungathanda ukufunda umbongo, uziqhelanise nomxhentso okanye ucule ingoma.



Masibhale

Jonga le mifanekiso. Balisela umhlobo wakho ibali umxelele nangendlela ocinga ukuba liya kuphela ngayo. Ngoku gqibezela iqamza lentetho yokugqibela ubonise okuthethwa ngutitshala.




Owu, simnandi isonka sam namhlanje.

Ndinike eso sonka sakho okanye uza kufumana inqindi.



Hayi torho, nceda musa ukuthatha ukutya kwam.





Masibhale

Tshatisa isiqalo sesivakalisi esikwibhokisi ezuba kunye nesiphelo esichanekileyo esikwibhokisi eluhlaza.

UPam utye isonka sakhe

Nditye isonka esihlohlileyo

Ndabiza utitshala

Ututshala wangxolisa uJim

kuba uJim ebefuna isonka sam.

kuba wayelambile.



kuba wayenemfeketho.

kuba bendilambile.



Masonwabe

Funa uze ubiyele amagama asebhokisini ahambelana nomfanekiso. Emva koko krwela umgca osuka egameni uye emfanekisweni ofanelekileyo. Khumbula, amagama asenokuxwesa okanye aye ezantsi.




u	c	a	n	g	o	z	u	o	i
c	h	o	p	h	a	y	c	x	n
i	s	i	c	h	o	t	h	o	c
n	i	n	g	c	a	u	e	r	w
g	a	w	n	e	r	j	b	o	a
o	u	n	c	u	m	o	a	u	d
o	h	m	i	c	a	n	g	c	i
u	m	k	h	e	n	k	c	e	e



Masifunde


Funda ibali uze utshatise iwotshi nomfanekiso nezivakalisi ezifanelekileyo.
Sikwenzele owokuqala.




NgoMvulo uBusi uvuka
ngentsimbi yesi-6 kusasa.




Uya esikolweni ngentsimbi
yesi-7 kusasa.




Ugoduka ngentsimbi
yoku-1 emva kwemini.




Udlala noPam ngentsimbi
yesi-3 emva kwemini.










Wenza umsebenzi wakhe
wesikolo ngentsimbi
yesi-4 emva kwemini.



Utya isidlo sakhe sangokuhlwa
ngentsimbi yesi-6.



Ulala ngentsimbi yesi-8.





Masibhale

Bhala okwenziwa nguBusi ngala maxesha ngosuku ngalunye.

ngentsimbi yesi-6

ngentsimbi yesi-7

ngentsimbi yoku-1

ngentsimbi yesi-3

ngentsimbi yesi-4

ngentsimbi yesi-6

ngentsimbi yesi-8



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi.

Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

qhuqha	unqweme	ingqiniba	nkqonkqoza
qhuba	inqwelo	ingqina	inkqayi
isiqhuma	umnqweno	ingqimba	nkinkqa

Amagama
ajongisiswayo

nkqonkqa
nkqo
nzima
nquma
ingina

Khuphela oonobumba.

Masibhale



k k

K K

l l

L L



m m

M M



Masenze

Bhala okwenza ngala maxesha ngosuku ngalunye.

ngentsimbi yesi - 6

ngentsimbi yesi - 7

ngentsimbi yoku - 1

ngentsimbi yesi - 3

ngentsimbi yesi - 4

ngentsimbi yesi - 6

ngentsimbi yesi - 8



Masibhale

Xa kufakelwe u-ile egameni oko kukholisa ukuthetha ukuba isenzo sesenzekile. Funda isibini ngasinye sezivakalisi. Fakela u-ile okanye u-e kwigama elinombala umsebenzisele ukugqibezela isivakalisi sesibini.

UBusi noPam bayakuthanda ukudlala.

Kwiiveki ephelileyo (badlale) ibhola yomnyazi.

UJabu uyaxhuma - xhuma.

Izolo _____ waya kubetheka eludongeni.

UBusi uyakwazi ukupheka.

Izolo _____ intlanzi.

UPam uyikhaba ngamandla ibhola.

_____ yaze yaphula ifesitile.





Masibhale

Krwela umgca osuka emagameni akwikhohlamu eluhlaza oya emagameni akwikhohlamu ezuba aneentsingiselo ezichaseneyo.



Masonwabe


Funda izivakalisi uze ugqibezele le mifanekiso mi-3.

1 Yintsimbi yesi-8 kusasa. Ilanga liphumile. Inja ileqa ikati.



2 Ikati ibaleka ikhwele emthini. Ilanga lishushu.

3 Ebusuku ikati yehla emthini.





Masifunde

UDan osizelekayo ebeneveki embi. Uvuke emva kwexesha ngoMvulo. Imshiyile ibhasi waze wafika emva kwexesha esikolweni. "Kutheni ufika emva kwexesha, Dan?" ubuzile utitshala wakhe.



NgoLwesibini uye esikolweni kodwa walibala ubhaka wakhe ebhasini. Ufike eklasini ephethe ibhola ekhatywayo kuphela. "Dan, ziphi iincwadi zakho?" ubuzile utitshala.

NgoLwesithathu uvuke kwangoko. Ukhwele ibhasi. Wahlala wahlala ebhasini. Kodwa uDan ebekhwele ibhasi engeyiyo eyakhe. Ibhasi iye naye kwesinye isikolo. "Uphi uDan namhlanje?" ubuzile utitshala.




NgoLwesine uDan ebengayifumani iyunifomu yakhe. Ugqibele ngokuya esikolweni ngempahla yakhe yokuqubha. "Iphi iyunifomu yakho, Dan?" ubuzile utitshala.

NgoLwesihlanu uDan uvuke phambi kwexesha kakhulu. Uye esikolweni kusemnyama. Wayedinwe kakhulu waza walala eklasini. "Kutheni ulele, Dan?" ubuzile utitshala wakhe.



NgoMgqibelo uDan uye esikolweni kodwa isango belitshixiwe. Unantoni na uDan! Akukho sikolo ngoMgqibelo.



Masibhale

Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Bekutheni ukuze afike emva kwexesha ngoMvulo uDan?

Bekungolwesingaphi apho aye nebhola ekhatywayo esikolweni uDan?

Uye ngolwesingaphi ngempahla yokuqubha esikolweni uDan?

Kwenzeke ntoni xa esiya esikolweni ngoMgqibelo uDan?



Umsebenzi wamagama

Fakela amagama ashiyiweyo kwizikhewu ezichanekileyo. Funda la magama uze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

inkxaso

xhuzula

nkxwe

inyanxakama

gungxula

nxazonke

eXhukwane

ndingxamile

xhuma

nxiba

ingxolo

inkxalabo

Amagama
ajongiswayo

ifestile
lala
oluhlaza



Khuphela oonobumba.

Masibhale

n

n

o

o

p

p





Masenze

Yenza umdlalo ubonise okwenzeke kuDan ngosuku ngalunye. Nikanani amathuba okuba nguDan. Ninako nokunikana amathuba okuba ngutitshala.



Masibhale

Zoba umfanekiso ubonise okwenzayo ngosuku ngalunye lweveki. Fakela iintsuku.



Masibhale

Bhala okwenzayo ngezi ntsuku.



ngoMvulo	
ngoLwesibini	
ngoLwesithathu	
ngoLwesine	
ngoLwesihlanu	
ngoMgqibelo	
ngeCawa	





Masonwabe

Yakha amagama. Wakugqiba funa igama elihambelana nomfanekiso.



h

hamba

hl

amba

l



um

ngom

imi

hla

l

z

s

odwa



isi

ili

ubu


zwe

um

isi

aba

ntu



th

n

x


ina

is

umny

uc

ango



s

l

z

abo

s

z

b

onke



s

l

n

am



Masifunde

Kusondele ixesha leeholide.
Bonke abantwana bathetha
ngezinto abaza kuzenza ngeeholide
zesikolo. Abantwana abahlanu
baza kuya kwezinye iidolophu.
Utitshala wabo ubacela ukuba
babhale kwisicwangciso oko baza
kukwenza ngeeholide.



Izicwangciso zeholide

Igama	Usuku	Iindawo	Uza kwenza ntoni apho?
UAnn	ngoLwesine	eRhawutini	Ndiya kwitheko likamzala wam.
UDan	ngoMvulo	ePolokwane	Ndiya kutyelela umakhulu.
UBongi	ngoLwesithathu	eThekwini	Ndiya elwandle.
UJabu	ngoLwesihlanu	eMbombela	Ndiya eKruger Park.
UBusi	ngoMgqibelo	eMthatha	Ndiya emtshatweni.

Bhala oza
kukwenza.

Umhla:



Masibhale

Funda itheyibhile yeholide kwakhona uze uphendule le mibuzo ilandelayo.

Ngubani oza kuya eRhawutini?

Uza kwenza ntoni uDan ngoMvulo?

Ngubani oza kuya elwandle?

UBusi uza kwenza ntoni ngoMgqibelo?

Ngubani oza kuya eKruger Park?

Unqwenela ukuyaphi wena?



Umsebenzi wamagama

Bhala la magama kwizikhewu ezichanekileyo. Funda la magama ze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

umchuchu

uncedo

inkcubeko

incam

iingceba

inkcenkce

ngcekelela

chaza

Amagama
ajongisiswayo

umile
nceda
uyeza
kunye

chatha

ncam

umngcipheko

inkcazo



q

Khuphela oonobumba.

Masibhale



Q

r

R

s

S

Titshala: Sayina

Umhla



Masenze

Krwela umgca ubonise apho baya khona aba bantwana.



UDan

ePolokwane

Polokwane

Mbombela

eRhawutini



UBongi

eThekwini



UJabu

eMbombela




UAnn

eRhawutini

eMthatha

UBusi

eMthatha



Masibhale

Phinda ubhale isivakalisi ngasinye usebenzise oonobumba abakhulu nezingxi.

iihagu zinemisila esongeneyo

indlulamthi inentamo ende

amaqwarha anemigca

indlovu inomboko omde

Umhla:



Masibhale

Gqibezela ezi zivakalisi ngokusebenzisa iziphumlisi ezifanelekileyo. Xela ukuba isivakalisi ngasinye siluhlobo luni na.

Sigqibezela isivakalisi esixelayo ngesingxi. (.)
Sigqibezela umbuzo ngophawu lombuzo. (?)
Sigqibezela isivakalisi esibonisa imincili ngophawu lokukhuza. (!)

Ndiyazithanda iilekese.

siyaxela

Ungubani igama lakho

Musa ukunqumla indlela, kukho imoto

Uhlala phi

Ndinonodoli olibhere opinki

Ufunda ntoni


Andibuthandi ubusika

Lumka, nantsi inyoka



Masonwabe

Bhala isihloko sencwadi nganye. Isihloko sencwadi sisixelela okuqulethwe libali. Xelela umhlobo wakho ukuba ucinga ukuba ungantoni umxholo wencwadi nganye. Faka iinombolo ezincwadini ngokolandelwaniso ofuna ukuzifunda ngalo. Qala ngo-1 kwincwadi ofuna ukuyifunda kuqala, uze uphele ngo-4 kwincwadi ongathandi kakhulu ukuyifunda.



Titshala: Sayina

Umhla



Ndinosapho olukhulu. Namhlanje siza kutyelelwa ngabazala bethu. Umama wam ngumongikazi. Utata wam usebenza enqanaweni. Umakhulu uyasigcina xa umama esemsebenzini.

Kubamnandi xa besityelele abazala bethu kuba sidlala ibhola ekhatywayo kunye nondize. Ngelinye ixesha **udadewethu omncinci** ufuna ukudlala nathi, kodwa akakwazi. Usemncinci kakhulu.

Sinezilo-qabane ezininzi. Mna ndinentlanzi encinci nentaka. Udadewethu **unenja** esengumbundlwana nentshontsho **lekati elihle**. Ngelinye ixesha ikatana yakhe ifuna ukutya intlanzi yam.



Masibhale

Bhala amagama abantu abakusapho lwakowenu.
Chaza ukuba bazalana njani ubhale neminyaka yabo.

Igama	Uyintoni kuwe	Ubudala
UMpumelelo	Umzala	12 iminyaka

Umhla:

Igama	Uyintoni kuwe	Ubudala



Umsebenzi wamagama

Funda la magama uze umamele izandi.
Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

ityesi	inqanawa	omhle	wethu
ityali	inqindi	esihle	sethu
ityala	inqaba	bahle	zethu

Amagama
ajongisiswayo

esiphi
isigebenga
ubugqi
nasiphi



Khuphela oonobumba.

Masibhale



t T	w W
u U	x X
v V	y Y


Titshala: Sayina

Umhla



Masenze

Yintoni esi
silo-qabane? Dibanisa
amachokoza ukuze
ubone.



y .
x .
w . v .
u .
t .



f .
c . d . e . g .
h .
i .
j .
k . l .
m .
n .
o .
p .
q .
r .
s .



Masibhale

Bhala isivakalisi ngasinye usebenzise oonobumba abakhulu neziphumlisi ezifanelekileyo.



singaya epakini

Singaya epakini (?)

uann nobongi baya epakini

musa ukujinga phezulu

ndingayi thatha le bhaluni





Masibhale

Amagama abonisa izenzo asixelela ngokwenzekayo. Funda isivakalisi ngasinye uze ukrwele umgca ngezantsi kwegama elibonisa isenzo (isenzi). Emva koko biyela umntu okanye into eyenza isenzo.



Masonwabe

Iintaka ziyabhabha.

Ikati iyatsiba.

Amadada ayadada.

Abantwana bayadlala.



Iwotshi iyancinciza.

Intombazana iyacula.

Usana luyakhala.



Imbasa yohlobo olulodwa yelungu losapho.

Bhala igama lomntu.

Lo mntu uzalana njani nawe?
Ngumama okanye ngutata okanye ngudadewenu okanye ngumnakwenu?

Chaza isimo sakhe. Yintoni eyenza ukuba eli lungu losapho libe lelilodwa?

Imbasa inikwa ngu

Umhla

Mzobe loo mntu.



Masithethe

Thetha nomhlobo wakho ngebali oza kulibhala.
Emva koko bhala izimvo zakho kweli phepha.



Isicwangciso sebali lam

Abalinganiswa
nesimo sentlalo.



Isiqalo

Phakathi

Isiphelo

Kukho bani ebalini lakho?

Lenzeka phi ibali?

Lenzeka nini ibali?

Kwenzeka ntoni ekuqaleni kwebali?

Kwenzeka ntoni phakathi ebalini?

Liphela njani ibali?





UQWEQWE LWANGASEMVA



MALUNGA NOMBHALI

Bhala igama lakho

Iminyaka yakho

Apho uhlala khona.

8

Inyathelo 4: Sika emqeni odibeneyo

UQWEQWE

Zoba umfanekiso apha.

Bhala itayitile yencwadi apha.

Bhala igama lakho (ungumbhali).

1

Inyathelo 1: Songa emqeni ochokaziweyo

5

Qhubeka nebali lakho apha.

Zoba umfanekiso apha.

7

Bhala isigu sebali lakho apha.

Zoba umfanekiso apha.



Zoba umfanekiso apha.

Zoba umfanekiso apha.

Qala apha ukubhala ibali lakho.

Gqibezela ibali.

2

7

3

9

Ghubeka nebali lakho apha.

Bhala okwenzeka ekupheleni kwebali lakho.

Zoba umfanekiso apha.

Zoba umfanekiso apha.



Masonwabe


Tshatisa aba qashi-qashi nemifanekiso efanelekileyo.
Emva koko bhala iimpendulo kwisithuba esinikiweyo.



indlu

Ndimkhulu kwaye uhlala kum.
Ndiyintoni?

indlu



ihashe

Ndibanda ceke kwaye ndiswiti unako
ukunditya. Ndiyintoni?



idayinaso

Ndineendlebe ezinde kwaye ndingcileza
ngokukhawuleza okukhulu. Ndiyintoni?



i-ayisi khrim

Intamo yam inde kakhulu. Nditya
amagqabi asemithini. Ndiyintoni?



indlulamthi

Ndimdala kakhulu ngokugqithisileyo.
Kudala kakhulu ndaba khona. Ndiyintoni?



isambrela

Ndimkhulu kwaye ndintsundu ndiyakwazi
ukubaleka nokutsiba. Ndiyintoni?




umvundla

Ndiyakuthanda ukudlala kanti
nditofo-tofo. Ndiyintoni?



ufudo

Ndiyenyuka xa isihla imvula.
Ndiyintoni?



intyatyambo

Ndihamba nendlu yam apho
ndihamba khona. Ndiyintoni?




ikati

Ndibomvu natyheli kwaye ndimhle
kakhulu. Ndiyintoni?



Masifunde

Asinamali yokuthenga ukutya.
Esiya sigebenga sikhohlakeleyo
sasiba isikhukukazi sethu.




Yiya nenkomo emarikeneni
uye kuyithengisa ukuze
sikwazi ukuthenga
ukutya.


Kudala-dala kwakukho
inkwenkwe eyayibizwa
ngokuba nguMajeke. UMajeke
wayehlala nomama wakhe.
Wayengenatata.

Ngoko wayesaphila
utata wakhe, isigebenga
esikhohlakeleyo saba uhadi
lwakhe nesikhukukazi sakhe
esasibekela amaqanda egolide.

UMajeke nomama wakhe
babe hlupheka kakhulu.
Umama kaMajeke
wamxelela ukuba aye
nenkomo emarikeneni aye
kuyithengisa.



Endleleni, uMajeke wadibana nomnini-silarha, owambonisa iimbotyi zobugqi ezi-5. UMajeke wamnika inkomo yena wathatha iimbotyi.



Ndiza kuthenga le nkomo ngezi mbotyi zobugqi.

Kodwa umama wam uthe mandithengise le nkomo ukuze sifumane imali.



Kodwa ezi ziimbotyi zobugqi, mama!

Umthengisele inkomo yethu ngeembotyi ezi-5?

Umama kaMajeke waba nomsindo kakhulu. Wathatha iimbotyi waziphosa phandle ngefestile. Kwakungekho kutya, waza yena noMajeke baya kulala bengatyanga.



Ngentsasa elandelayo
kwakukho umthi weembotyi
omde kakhulu phandle.
UMajeke wakhwela emthini
weembotyi.

Wathi akufika
phezulu uMajeke,
wabona apho sihlala
khona isigebenga
esikhohlakeleyo.
Kwakhona wabona
uhadi nesikhukukazi
sikatata wakhe.
UMajeke wathatha
igolide waphinda
wehla ngomthi
weembotyi.



Ngemini elandelayo uMajeke wabuyela phezulu wakhwela umthi weembotyi elanda uhadi lukatata wakhe. Wasibona isikhukukazi sikatata wakhe esasibekela amaqanda egolide. UMajeke wathatha uhadi nesikhukukazi. Kodwa isigebenga savuka! Naso isigebenga sileqa uMajeke.

Ezi zinto wazithatha kutata.

Ndinike isikhukukazi sam!

Mh, mh, mh, mh! Ndiva ivumba lonyana womlimi.

UMajeke wehla ngomthi weembotyi samleqa isigebenga esikhohlakeleyo.

UMajeke wakhwaza umama wakhe.
Waphuma endlwini ebaleka ephethe izembe.



Umama wakhe ugawule msinyane kangangoko anako. Wawa umthi weembotyi phambi kokuba isigebenga simbambe uMajeke.



UMajeke nomama wakhe bahlala ngolonwabo emva koko.





Umxholo 8: Ubuhlobo nokukhathalela

Ikota 4: liveki 5 - 8

113 Isipho somhla wokuzalwa sikaBusi 104

Ufunda ibali lomhla wokuzalwa kukaBusi.
Ufunda isibhengezo sebhayisekile ethengiswayo.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Ubhala umyalezo wosuku lokuzalwa kwikhadi lomhla wokuzalwa likaBusi.
Izandi: w, ntl, ntsh, y.
Uhlela amagama ngokwezandi
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Ukhuphela la magama *ndi, e*.

114 Ingaba uza kuyithenga le bhayisekile? 106

Uxoxa ngezibhengezo zentengiso eziphuma kunomathotholo nakumabonakude.
Wenza umdlalo alinganise intengiso kamabonakude.
Uphendula umbuzo ongomdlalo wentengiso.
Ubhala ezakhe iindaba.
Ukhetha igama elichanekileyo.
Uphawula umfanekiso webhayisekile.

115 UBusi uthenga ibhayisekile 108

Ufunda ibali elingoBusi.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Uhlela amagama ngokwezandi (gq, yi).
Ukhuphela la magama *yona, phakathi*.

116 Abahlobo bokwenene naphakade 110

Uyaxoxa aze aqikelele ibali.
Ugqibezela amaqamza entetho.
Ubhalela abahlobo imiyalezo emakhadini.
Ubhala isiphelo sebali.
Ulungisa amagama aphithanisiweyo.

117 UDan udlala ibhola ekhatywayo 112

Ufunda ibali elingoDan edlala ibhola ekhatywayo.
Ubhala uluhlu lwezishunqulelo ezikwisicatshulwa.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.

Ubhala izivakalisi zibe kwintetho-ngqo.

Uhlela amagama ngokwezandi (nq, hl)

Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Ukhuphela eli gama *phezu*.

118 UDan wenzakala enyaweni 114

Ufakela iinombolo abonise ukulandelelana kweziganeko.
Ubhala izivakalisi ngomfanekiso ngamnye.
Usebenzisa izishunqulelo.
Utshatisa izifanokuthi.
Masonwabe.

119 Ukunceda abanye 116

Ufunda ibali elingokunceda abanye abantu.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Ubhala izivakalisi ezingokunceda abanye abantu.
Uhlela amagama ngokwezandi (ii, bu, ili, ama)
Ufunda amagama aze amamele izandi.
Ukhuphela la magama *yena, thina*.

120 Senza ntoni? 118

Uphawula uluhlu lwezinto abazenzayo xa bencedisa emakhaya.
Uchonga izifinyezo.
Ukhetha izimelabizo ezichanekileyo.
Masonwabe.

121 Sonke siyabhiyoza 120

Ufunda isicatshulwa esingemibhiyozo eyahlukeneyo.
Ubhala iimpendulo ezisekelwe kwisicatshulwa azidwelise kwitheyibhile.
Ubhala izivakalisi ezimalunga neholidi ayibhiyozelayo.
Uhlela amagama ngokwezandi (v, e, w, y)
Ufunda amagama aze amamele izandi.
Ubhala izivakalisi asebenzise amagama awanikiweyo.
Ukhuphela la magama *uyakwazi, yethu*.

122 Sisabhiyoza 122

lingxoxo neengqikelelo ezisekelwe kwimifanekiso.
Uchonga izenzi nezibizo.
Ubhala izicwangciso zakhe zonyaka.
Utshatisa izivakalisi

123 Unyaka omiyo kunye nonyaka ozayo 124

Ubhala iziganeko zenyanga nganye kwikhalenda.
Ubhala iinyanga ezi-6 ezahlukeneyo aze abhale akwenzileyo kwinyanga nganye.
Ubhala izivakalisi esebenzisa amagama awanikiweyo.
Ukhuphela la magama *thina, yiba, ngoko ke, bona*.


124 Ukubhala ibali 126

Uxoxa nomhlobo wakhe ngesakhiwo sebali.
Ugqibezela isicwangciso sebali.
Ubhala ibali kwincwadi esikiweyo.

Ukhethekile 129

Isichazi-magama sam 130





Masifunde

Kule veki iphelileyo ngoMgqibelo **ibilusuku lokuzalwa** lukaBusi. **Ebegqiba iminyaka** eli-9. Wayonwabe kakhulu kuba umalume wakhe wampha ama-R50 ukuze azithengele isipho esihle. UBusi kunye noPam babona ipowusta ebhengeza ibhayisekile.

KUTHENGISWA IBHAYISEKILE

Kuthengiswa ibhayisekile entle yentombazana.

Le bhayisekile ifana nentsha.

Zintwazana, kutheni ningakhweli ibhayisekile ukuya esikolweni nje?



Yivavanye phambi kokuba uyithenge.

Fowunela uBarbie kule nombolo
012 012 0120

Injani?

- Yibhayisekile engama-55cm yamantombazana
- Inebhasikiti yonodoli ngaphambili, ibhotile yamanzi yeplastiki kunye neziqhoboshi ezisasebenza kakuhle.
- Inesakhelo esipinki namhlophe, isali epinki enokunyuswa iphinde yehliswe kwakunye neempondo ezimfumamfuma.
- Itsheyina layo ligqunyiwe ukuze imilenze yakho ingangcoliswa yjoyile.



Masibhale

Phendula le mibuzo. Bhala iimpendulo zakho kule theyibhile.



Kuthengiswa ntoni?	
Ngubani oyithengisayo?	
Ithini inombolo yakhe?	
Ingaba intsha kraca?	

Umhla:



Masibhale

Bhala umyalezo wosuku lokuzalwa kwikhadi lomyalezo wosuku lokuzalwa likaBusi.



Blank area for writing a message on the birthday card.

Amagama
ajongisiswayo

vavanya
isakhelo
intsha
i-intshi



Umsebenzi wamagama

Funda la magama ze umamele izandi. Bhala amagama kwiibhokisi ezichanekileyo. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

ikhawutshi

intsha

ipeyinti


intlansi

intlama

ifleyithi

itshintshi

nyawuza



ipowusta



intle



intshontsho



ikeyiki

Blank area for writing a word related to the red gift box.

Blank area for writing a word related to the blue gift box.

Blank area for writing a word related to the orange gift box.

Blank area for writing a word related to the green gift box.



Masibhale

Khuphela la magama.

Handwriting practice area for the word 'ndi'.

Handwriting practice area for the letter 'e'.

Titshala: Sayina

Umhla



Masenze

Ingaba ukhe wabona okanye weva iintengiso eziphucukileyo kumabonakude okanye kunomathotholo? Yintoni ebiphucukile ngazo? Niliqela yenzani umdlalo-linganiso wentengiso yebhayisekile oza kuboniswa kumabonakude okanye nantoni eninokuyicinga.



Niza kuthengisa ntoni?



Masibhale

Funda isivakalisi ngasinye uze ukhethe igama elichanekileyo ukuze ugqibezele isivakalisi.

Namhlanje uBusi noPam **usevenkileni**/**basevenkileni** yebhayisekile.

Bona **babuka**/**ubuka** iibhayisekile.

UBusi **banama**-/**unama**-R50 awafumene ngosuku lwakhe lokuzalwa.

Izolo bona **ebeye**/**bebeye** kwikonisathi yesikolo.

UJabu **babengumhlelisi**/**wayengumhlelisi** ekonisathini.



Umhla:



Masibhale

Bhala iindaba ezizezakho.

Namhlanje ekhaya

Namhlanje esikolweni

Izolo ekhaya

Izolo esikolweni



Masonwabe

Krwela umgca osuka egameni uye kwindawo echanekileyo yebhayisekile.



iimpondo

isali

isinyathelo

itsheyini

iziqhoboshi

isakhelo

Titshala: Sayina

Umhla



Masifunde

UBusi noPam baya kubona
ibhayisekile. UBarbie wathi,
"Khawuyivavanye phambi
kokuba uyithenge."

UBusi wayikhwela ibhayisekile.
Yayibaleka.

UPam naye **wayikhwela**
ibhayisekile. Wathi, "Busi,
ihamba **kamnandi** le bhayisekile."

Kodwa le bhayisekile yayixabisa
ama-R60 wabe yena uBusi
enama-R50 kuphela.

Kwiveki ephelileyo xa uBusi wayegqiba iminyaka eli-9 umalume
wakhe **wampha** ama-R50.

UBusi wagoduka waze wacela utata wakhe ukuba **amphe** i-R10.
Utata wakhe wathi, "Ndiza kukunika i-R10,
kodwa kufuneka undincedise egadini kuqala."

UPam wathi, "Ndiza kukuncedisa, Busi." Waze uPam
wamncedisa uBusi egadini. Bacoca basusa
amagqabi baze bankcenkceshela nezityalo.

"Enkosi kakhulu ngokundincedisa, Pam," watsho uBusi.

"Kunjalo ukuba nabahlobo," watsho uPam.

Bakugqiba bahamba uPam noBusi baya kuthenga ibhayisekile.



Abahlobo bayancedana.

Abahlobo bayamamelana.

Abahlobo bayakhathalelana.

Umhla:



Masibhale

Phendula le mibuzo. Bhala iimpendulo zakho kwizikhewu ezishiyiweyo.

Yayixabisa malini ibhayisekile?

UBusi wayenamalini?

Kwakufuneka abe namalini?

Kwafuneka enze ntoni uBusi ukuze afumane imali engaphezulu?

Ingaba uPam wayengumhlobo wenene? Ngoba kutheni?

Ukwenzela ntoni wena umhlobo wakho?



Umsebenzi wamagama

Zalisa izikhewu ngamagama achanekileyo. Funda la magama ze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

wona

iwele

gqagqa

igqabi

idayi

ugqirha

wisa

iwili

iwaba

wena

igqabi

iBhayibhile



Amagama
ajongiswayo

babuzo

rhoqo

kuba

mhlophe



Masibhale

Khuphela la magama.

yona

phakathi



Titshala: Sayina


Umhla

109



Masibhale

Jonga le mifanekiso. Ncokola nomhlobo wakho malunga neli bali uze utsho ukuba ucinga ukuba liza kuphela njani. Bhala intetho kumaqamza entetho ubonise abakwenzayo.




1

Yho, Pam akusemnandi ngako ukukhwela ibhayisekile sikunye.

Ewe Busi, kumnandi. Ndivuya kakhulu njengokuba ndinebhayisekile nje.

Mamela Pam, ndiva ikati ekhalayo.



2

Ewe! Jonga – ibambeke ngomsila elucingweni.

Kwowu torho, intshontsho elincinci kangaka!



3

Busi, silithini?



4

Umhla:



Masenze

Yenzela abahlobo bakho abasenyongweni ababini ikhadi. Babhalele umyalezo.

Blank lined area for drawing or writing.



Blank lined area for drawing or writing.



Masibhale

Benza ntoni uPam noBusi ngentshontsho lekati? Bhala isiphelo sebali.



Blank lined area for drawing or writing.



Masonwabe

Lungisa la magama uwabhale kakuhle kwizikhewu ezingezantsi. Tshatisa amagama kunye nemifanekiso.

esilekibhayi	iyahikthi	ikisibhati	olibha
ibhayisekile			
			
			
inataka	iqjnan	unlid	ituhm

Titshala: Sayina

Umhla



Masifunde

NgoMvulo uDan noJabu baya kuziqhelisa ibhola ekhatywayo. UDan ulibele iibhutsi zakhe zokudlala ekhaya. Umqeqeshi wakhe wathi, “**Akukwaz’** ukudlala ngaphandle kweebhutsi. Uza kwenzakala.” Kodwa uDan **zang’** amamele waze wadlala enjalo.

UDan wafaka **amanqaku** amathathu.

“Hayi uyintshatsheli, mfondini! Usebenzile,” wakhwaza watsho uJabu.

Wasuka uDan wasikeka enyaweni lwakhe. Waqaqanjelwa kakhulu.

“Ndiza kugoduka njani?” wakhala esitsho.

“Sukukhathazeka, ndiza kukunceda,” watsho uJabu. UJabu wakhwelisa uDan kwibhayisekile yakhe.

UEnver waphatha ibhegi kaDan. Bamgodusa uDan. “Mama, ndenzakele,” watsho uDan.

“Usisidenge xa unokudlala ngaphandle kweebhutsi,” watsho umama wakhe.



Izishunqulelo ngamagama angabizwa okanye angabhalwa ngokupheleleyo. Kusetyenziswa olu phawu ' ukubonisa ukungapheleli kwegama.



Masibhale



Bhala uluhlu lwezishunqulelo ezikweli bali. Imizekelo: zang’ ndiz’bonele

Phendula le mibuzo.

Sazi njani ukuba uDan wadlala kakuhle?

Wagoduka njani uDan?

Ngubani omnye owanceda uDan?

Ingaba uJabu noEnver bangabahlobo bokwenene bakaDan? Kutheni usitsho nje?

Amagama
ajongiswayo

oyena
bobabini
biza
kakuhle



Masibhale

Bhala phakathi kweempawu zokucaphula abakuxelele uDan.



Umqeqeshi

" "

UJabu

" "

Umama

" "



Umsebenzi wamagama

Bhala la magama kwibhokisi enesandi esichanekileyo.

ukuhlela

inqaku

nqanda

inqindi


umhlobo

izihlangu



Masibhale

Khuphela la magama.



phesu



Masenze

Faka iinombolo kule mifanekiso ubonise ukulandelelana kwayo kakuhle.
Bhala isivakalisi esingomfanekiso ngamnye.



Kuqala

Waze

Emva koko

Ekugqibeleni



Masibhale

Krwela umgca utshatise amagama athetha into enye.

sukhwela

akazange ahambe

vuk' uhambe

imazi enethole

'suka wema

iguzibheri iphumile

int' embi

into embi

zang' ahambe

musa ukukhwela

maz' enethole

akasoze emke

iguz' bher' iphumile

wasuka wema

soz' emke

vuka uhambe



Masibhale

Bhala isishunqulelo samagama anombala.

Ndiya ebholeni ekhatywayo.

Ndiy'ebholeni

Baza kugodusa uDan ngoku.

Siya esikolweni.

Uza kufika emva kwexesha esikolweni.

Akazange aziphathe izihlangu zakhe zokudlala.



Masibhale

Krwela umgca osuka kwigama elikumqolo ongentla uye kwigama elikumqolo ongezantsi elinentsingiselo efanayo.

sisidenge

inciphile

indlela

vuya

jonga

inencasa

yonwaba

isitalato

imnandi

bona


ibhityile

sisiyatha



Masonwabe

Dibanisa amachokoza ubone ukuba yintoni.





Masifunde

Kufuneka sonke sincede abanye abantu yonke imihla.

Wena uyabanceda abanye abantu?

Wenza ntoni ukunceda abanye abantu?

Ngubani okuncedayo wena?

Ukwenzela ntoni?



UPam noPeter

Siyancedisa ekhaya. Sincedisa ngokuhlamba izitya.



UJabu

Mna ndinceda umakhulu wam.
Ndimnceda ekuweleni isitalato.



UPam noBusi


Thina sijonga abantakwethu
abasebancinci.



UDan noBusi

Thina sinceda egadini. Sincothula
ukhula ze sinkcenkceshele izityalo.

Umhla:



Masibhale

Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Ngubani onceda umakhulu wakhe?

UPam noBusi banceda ngokwenza ntoni?

Ngubani ohlamba izitya?

Ngubani oncothula ukhula?

Amagama
ajongisiwayo

khawuleza
sukwenza
uyenza
wafumana



Masibhale

Bhala izivakalisi ezi-2 malunga nendlela obanceda ngayo abanye abantu.



Umsebenzi wamagama

Zalisa izikhewu ngamagama achanekileyo. Funda la magama ze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

ubulumko

iinceba

iliso

amatheko

amagosa

ubuso

iincula

ilitye

amahashe

ilizwe

Iincono

ubuntu



Masibhale

Khuphela la magama.

yena

thina

Titshala: Sayina

Umhla

117



Masenze

Phawula izinto ozenzayo ukunceda abanye abantu.

Nceda ngokuhlamba izitya. ☐Ncedisa ekuphekeni. ☐Ukususa uthuli. ☐Nceda ngokujonga izilwanyana. ☐Ukuqoqosha endlwini. ☐Nceda ngokukha amanzi. ☐Ukutshayela. ☐Nceda ngokubasa umlilo. ☐Ukujonga abantwana. ☐Ncedisa egadini. ☐Ukunceda abantu abadala. ☐Nceda ngokuya kuthenga evenkileni. ☐

Masibhale

Bhala izishunqulelo zamagama akrwelwe umgca ngaphantsi.

zang'

sizodlala

lakhwel'

sukulothusa

UPam noBusi abasebenzi egadini. Bajonge intshontsho lekati. abasebenz'Intshontsho lekati libaleke lakhwela emthini.

Musa ukulothusa liza kubaleka.

Thina siza kudlala nalo.Mhlawumbi zange alive likhala.



Masibhale

Fakela yena, yona okanye wona ugqibezele isivakalisi ngasinye.

yena

yona

wona

Ikati yam iphezulu emthini. _____ ixineke apho.

Umthi mde. _____ mde kunendlu.


UJabu uza kuyithatha ikati. _____ uza kulanda ileli.

UPam ubambe ileli. _____ iza kuqinisekisa ukuba angawi.




Masonwabe

Phosa ingqekembe yemali phezulu. Ukuba kuvela icala lentloko, hamba izithuba ezi-2. Ukuba kuvela umsila, hamba isithuba sibe si-1. Xa ufika endaweni kufuneka wenze loo nto uyixelelwayo.



QALA



Misa ipenisile emnweni wakho ingawi.



Biza igama eliqala ngo-**w**.

'w'




Cula ingoma.




Beka incwadi entloko ingawi.

7 5 10 1 4 6
2 8 3 9
Bala ubuye umva ukusuka kwi-10.




Pela ifani yakho.

Cimela ze uncume.



Biza igama elinesandi u-**ch**.

'ch'



Khulula imitya yesihlangu sakho.



Phakama uze uwangawangise iingalo zakho.

Bulela utitshala wakho kuba ekufundisa kakuhle kakhulu.



GQIBA



Masifunde

Kwihlabathi lonke abantwana bayakuthanda ukufumana izipho.



Mna ndingu Pam.
Ndineminyaka esi-8.



Mna ndingu Jabu.
Ndineminyaka esi-7.

Mna ndingu Madhu.
Ndineminyaka esi-8.

Mna ndingu Batuk.
Ndineminyaka eli-10

Kungekudala iza kuba yiKrisimesi. Siza kufumana izipho. Nathi siza kupha abahlobo bethu izipho. Siza kuba nomthi weKrisimesi. Siza kubeka izipho phantsi kwalo mthi. NgeKrisimesi sitya iikeyiki kunye neelelese.

Mna ndingu Sharon.
Ndineminyaka eli-10.



Mna ndingu Selwyn.
Ndineminyaka eli-9.

Kungekudala iza kuba yiHanukkah. Siza kuba nokutya okuninzi okumnandi. Sithanda ukutya iikeyiki ezingamacwecwe kunye namagwinya anesiraphu. Nathi siyakuthanda ukufumana izipho.

Mna ndingu Fatima.
Ndineminyaka esi-8.




Mna ndingu Enver.
Ndineminyaka eli-11

Kungekudala iza kuba yiEyidi. Ndiyathemba siza kufumana izipho ezihle. Nabahlobo bethu sibapha izipho. Siza kutya iikeyiki neelelese ezininzi.



Kungekudala iza kuba yiDiwali. Siza kufumana iibhokisi zeelelese kunye nezipho. Siza kuhombisa ikhaya lethu libe lihle kwaye siza kuba nezitakantlantsi.

Umhla:



Masibhale

Bhala igama lomntwana ngamnye, uze ugqibezele le theyibhile.

Igama	Ubudala	Iholide	Baza kutya ntoni?	Ingaba baza kufumana izipho?
Pam	8	iKrisimesi	Iilekese neekeyiki	Ewe 

Yeyiphi iholide oza kuyibhiyozela? Uyibhiyozela njani?



Umsebenzi wamagama

Zalisa izikhewu ngamagama achanekileyo. Funda la magama ze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

vela

iyoyo

welile

erityisi

esile

vathiswa

yam

wam

vula	emele	iwaba	iyogathi

Amagama ajongiswayo

ikhawutshi
i-erityisi
i-emele
tsala



Masibhale

Khuphela la magama.

uyakwazi

yethu



Titshala: Sayina

Umhla

121



Masenze

Ncokola nomhlobo wakho malunga nokwenzeka emfanekisweni.

Kuqala



Emva koko



Izenzi



Masibhale

Biyela ngesangqa igama uze ukwalele umgca isenzi esixelayo ukuba wenza ntoni na umntu.

UEnver udlala iqakamba.



USharon ufunda iincwadi ezityebileyo.

UJabu udlala iqakamba.

UMadhu uqubha ukuphuma kwesikolo.

UPam udlala ibhola yomnyazi.

UFatima uleqa ibhasi.

UBusi ukhwela ibhayisekile yakhe.



Umhla:

Izicwangciso zam zonyaka ozayo



Masibhale

Phendula le mibuzo.



Iza kuba ngowuphi unyaka?

Unazicwangciso zini zonyaka omtsha?



Masibhale

Tshatisa isivakalisi esikwibhokisi ezuba kunye nesivakalisi esichanekileyo esikwibhokisi eluhlaza.



Ingonyama yayikhangela ukutya.

Ikati yabaleka yenyuka emthini.

Inkwenkwe yayikhaba ngamandla ibhola.

Abantwana babedlala ngematshisi.

Sabhaka ikeyiki ngoMgqibelo.

Kwakusina.

Ndalanda iambrela sam.

Yayilusuku lokuzalwa lukaLizzy.

Izilwanyana ezincinci zabaleka zemka.

Ibhola yaphule if estile yesikolo.

UBusi uzitshise iminwe.

UJabu uyokuthatha ileli.

Titshala: Sayina

Umhla

123



Masifunde

Bhala okwenzileyo kwinyanga nganye kulo nyaka uphelayo.



EyoMqungu

EyoMdumba

EyoKwindla

UTshazimpuzi





UCanzibe

EyeSilimela

EyeKhala

EyeThupha





EyoMsintsi

EyeDwarha

EyeNkanga

EyoMnga





Sibe nonyaka oxakekileyo. Sidlale imidlalo ngemidlalo. Siye sakhathalela abanye abantu. Saba nabahlobo. Sakhathalela nezilo-qabane zethu.

Sifunde ngemozulu kunye namaxesha onyaka.

Sifunde ngathi ngabanye ngabanye.



Bhala amagama eenyanga ezi-6 ezahlukeneyo. Bhala ke ngoku ukuba wenze ntoni ngenyanga nganye.

Masibhale



1

2

Umhla:

3

4

5

6



Masibhale

Phendula le mibuzo.



Yeyiphi le nyanga sikuyo?

Bhala ukuba wenza ntoni kule nyanga.



Umsebenzi wamagama

Zalisa izikhewu ngamagama achanekileyo. Funda la magama ze umamele izandi. Bhala izivakalisi ezibini ezizezakho encwadini yakho yemisebenzi.

uzuko

ipeyinti

ooyise

khazimla

iziko

igeyithi

oobawo

inzuzo

Amagama
ajongiswayo

funda
ilungile
cula
danisa

uvuko	zukisa	oomofu	iweyitala



Masibhale

Khuphela la magama.



thina

bona

ngoko ke

yiba

Titshala: Sayina

Umhla

125



Masibhale

Ncokola nomhlobo wakho ngebali oza kulibhala.
Bhala izimvo zakho kweli phepha.



Isicwangciso
sebali lam



Abalinganiswa kunye
nendawo elidlalela
kuyo ibali.



Isiqalo

Ngubani osebalini lakho?

Lenzeka phi eli bali?

Lenzeka nini eli bali?

Kwenzeka ntoni ekuqaleni kwebali?

Kwenzeka ntoni phakathi ebalini?

Liphela njani ibali?

Isiqu



Isiphelo



UQWEQWE LWANGASEMVA



MALUNGA NOMBHALI

Bhala igama lakho

Iminyaka yakho

Apho uhlala khona.

8

Inyathelo 4: Sika emqeni odibeneyo

UQWEQWE

Zoba umfanekiso apha.

Bhala itayitile yencwadi apha.

Bhala igama lakho (ungumbhali).

1

Inyathelo 1: Songa emqeni ochokaziweyo

5

Qhubeka nebali lakho apha.

Zoba umfanekiso apha.

7

Bhala isiqu sebali lakho apha.

Zoba umfanekiso apha.



Zoba umfanekiso apha.

Zoba umfanekiso apha.

Qala apha ukubhala ibali lakho.

Gqibezela ibali.

2

7

3

9

Chubeka nebali lakho apha.

Bhala okwenzeka ekupheleni kwebali lakho.

Zoba umfanekiso apha.

Zoba umfanekiso apha.



Ukhethekile.
Umzimba wakho wonke
ungokhethekileyo.
Nguwe kuphela onelungelo
emzimbeni wakho!



AKUKHO
namnye umntu
onelungelo
lokuphatha
amalungu akho
angasese.

Kufuneka uxelele umntu ukuba kuye kwakho
umntu okubamba amalungu akho angasese.

Kufuneka uxelele umntu ukuba kukho nabani na
okwenzisa izinto ongathandiyo ukuzenza.

Tsalela kule minxeba xa ufuna uncedo:

Umnxeba olungiselelwe ukunceda
abantwana: 0800 05 55 55

Umnxeba wokulwa nolwaphulo
mthetho wamapolisa
aseMzantsi Afrika: 086 00 10111

Umnxeba wongxamiseko wamapolisa
aseMzantsi Afrika: 10111

Umnxeba woncedo: 0861 322 322

Iqela elikhusela abantwana: 012 393 2359/2362/2363



Isichazi-magama saw

A a

B b

C c

D d

E e

F f

G g

H h

I i

J j

K k

L l

M m

N n

O o

P p

Q q

R r

S s

T t



U u

V v

W w

X x




Y y



Finger puppets:
Cut out the finger puppets on the solid black lines and fold on the dotted lines. Now glue on the back where shown to form a finger puppet. Now tell the story about the hippo and the tortoise.








Cut out the puppets and then carefully cut out the two circles on their legs. Put your 2nd and 3rd fingers through the holes to form legs. You can now tell the story about Jack and the giant.



Ugly Duckling





*MASKS: You can use these masks for the role play in worksheet 100.
Cut out the mask on the outer black line.
Tie some string through the holes on each side and you can be either a clown or a hippo, depending on which side you use.*



*Use this book mark to keep your place in your book.
Write your name on it so that you don't lose it.*



